

UNksk. Angie Motshekga, uMphathiswa wemfundo esisiSeko



UMnu. Enver Surty, uSekela Mphathiswa wemfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.

ISBN 978-1-4315-0191-5



a b c d e
f g h i j
k l m n o p
q r s t u
v w x y z

Rainbow WORKBOOKS

**ISIXHOSA HOME LANGUAGE**
**GRADE 3 – BOOK 1**
**TERMS 1 & 2**
**ISBN 978-1-4315-0191-5**
**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE – Ibanga lesi-3 Incwadi yoku-1

ISBN 978-1-4315-0191-5

Ihlaziywe yaze yalungelelaniswa neCAPS



Ibanga lesi-3

# ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE

Incwadi yoku-1
Ikota 1 & 2

Igama:

Iklasi:

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



# Iminwe yakho mayikuncede ufunde ukufunda

*Maxa wambi xa ufunda udibana namagama ongawaziyo. Xa kusenzeka oku kufuneka iminwe yakho ikuncede. Umnwe ngamnye ungakunceda ekucingeni indlela yokubiza igama kwakunye nendlela ongacinga ngayo intsingiselo yelo gama.*




# UXANDUVA LOLUTSHA LOMZANTSI AFRIKA

## Ukulingana

Phatha wonke umntu ngokulinganayo nangendlela elungileyo. Musa ukucalucalula.



## Isidima somntu

Hlonipha wonke umntu. Yiba nenceba nenkathalo.



## Ubomi

Ubomi buxabisekile. Phatha yonke into ephilayo ngentlonipho.



## Usapho

Bahlonele abazali bakho. Yiba nobubele nentembeko kusapho lwakowenu.



## Imfundo

Yiya esikolweni, ufunde kwaye usebenze ngokuzimisela. Thobela imithetho yesikolo.



## Umsebenzi

Ncedisa kwimisebenzi yasekhaya. Abantwana mabanganyanzelwa ukuba bafune umsebenzi.



## Inkululeko nokhuseleko



Musa ukubavisa ubuhlungu okanye ubavuyelele abanye, kwaye sukubavumela nabanye ukuba benze njalo. Lingxwabangxwaba mazisonjululwe ngoxolo.

## Ipropati

Zihlonele izinto zabanye abantu. Musa ukonakalisa ipropati kwaye musa ukuba.



## Inkolo, inkolelo kunye noluvo

Zihlonele iinkolelo nezimvo zabanye abantu.



## Ukhuseleko



Wukhathalele umhlaba. Musa ukuwamosha amanzi nombane. Zikhathalele izilwanyana nezityalo. Gcina ikhaya lakho kunye nendawo ohlala kuyo icocekile kwaye ikhuselekile.

## Ubummi



Yiba ngummi woMzantsi Afrika olungileyo nothembekileyo. Yithobele imithetho kwaye uqinisekise ukuba benjenjalo nabanye abantu.

## Inkululeko yokuvakalisa izimvo

Musa ukusasaza ubuxoki nentiyo. Qinisekisa ukuba abanyhukulwa okanye baviswe ubuhlungu abanye abantu.




Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa



© Department of Basic Education



Sixth edition 2016

ISBN 978-1-4315-0191-5



**This book may not be sold.**

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

# ISIKHOKELO SIKATITSHALA

Le ncwadi yemisebenzi yisebenzise kunye namanye amancedo, ngeli xa uphuhlisa ukuqonda nezakhono zabafundi kwezinye iindlela zobhengezo:

→ **Ukuphatha incwadi:** Indlela eyiyo yokuphatha nokutyhila incwadi.
→ **Ukwazi incwadi:** Iphepha langaphambili, iphepha langasemva, isihloko neziqulatho.
→ **Icala obhekisa kulo:** Ukufunda uqala ngaphambili uye ngasemva, ukusuka ngasekhohlo uye ngasekunene nokusuka phezulu uye ezantsi.

## IINGCEBISO ZOKUFUNDISA

### Ukumamela nokuthetha

Funda Inkcazelo yeKharityhulam noMgaqo-nkqubo woVavanyo (IsiXhosa uLwimi Lweenkobe), iphepha le-10. Abafundi kufuneka bafunde rhoqo ngeveki amabali, izicengcelezo kunye neengoma.

### Iingxoxo ngemifanekiso

1. Nceda abafundi ekwenzeni oku:
   → bachaze izinto ezisemifanekisweni baze baxoxe ngazo (ubukhulu, imilo, umbala nobungakanani).
   → ukutolika imifanekiso ngokubuza imibuzo: ngubani, yintoni, phi, nini, ngoba kutheni, kwenzeke ntoni ngaphambili, kwenzeke ntoni kamva?
   → ukuyila ibali leklasi (ubude balo bakuxhomekeka kumgangatho womfundi)
2. Nika umfundi ithuba lokubalisela umhlobo wakhe ibali.
3. Bonisa indlela yokubhala ibali eklasini (I-CAPS Ulwimi Lweenkobe, iphepha 12, ukubhala notitshala neqela). Baqondise abafundi ngokubaluleka koonobumba abakhulu, izikhewu phakathi kwamagama kunye neziphumlisi.
4. Abafundi mabafunde kunye nawe ibali eklasini.
5. Xelela abafundi ukuba bakrwele umgca okanye babiyele ngesangqa izandi okanye imo yolwimi efundisiweyo yeveki ebalini.

### Ukufunda

Funda Inkcazelo yeKharityhulam noMgaqo-nkqubo woVavanyo (IsiXhosa uLwimi Lweenkobe), iphepha le-12-18, malunga nemiba emihlanu ephambili yokufundisa ukufunda.

### Ukubhala

Funda Inkcazelo yeKharityhulam noMgaqo-nkqubo woVavanyo (Ulwimi Lweenkobe lwesiXhosa) iphepha 18 -19, malunga nokubhala ngesandla nenkqubo yokubhala. Ekupheleni kwekota abafundi bayayeka ukubhala ngokwahlukeneyo batshintshela ekudibaniseni. Izifundo zokubhala ngesandla kufuneka zigxile ekuqheleni ukubhala oonobumba abancinci nabakhulu nendlela yokubhala ngale ndlela intsha. Abafundi kufuneka bakwazi ukukopa ubhalo olusencwadini olungadityaniswanga babhale ngokudibanisa.

***Qaphela:***

→ Abafundi abafani, bafunda ngeendlela ngeendlela. Kubalulekile ukuba abfundi bakhuthazwe ngokubona, ngokuva nangokusebenzisa amalungu omzimba (ngokwenza) ukuze bafunde kakuhle ngempumelelo.
→ Abafundi kufuneka babe namava okufunda, ngoko ke kufuneka benze imisebenzi **ebaqhelisayo** phambi kokwenza imisebenzi ebhalwayo, umz.:

**Ukwakha izivakalisi**: Abafundi mabafunde ukwakha amagama ngokusebenzisa amakhadi amagama.

**Uvavanyo lokuqonda:** Kufuneka abafundi baphendule ngomlomo kuqala emaqeleni abo phambi kokuba babhale phantsi iimpendulo. Inkokheli yeqela ibuza imibuzo aze amalungu eqela afune iimpendulo aphendule.

**Ukukhetha amagama okugqibezela izivakalisi**: Nika amaqela izivakalisi ezingaphelelanga namakhadi amagama. Abafundi mabagqibezele izivakalisi ngokubeka amakhadi amagama endaweni echanekileyo.

**Ukutshatisa amagama nemifanekiso**: Yandisa iphepha libe nobukhulu obungange-A3. Ngokwamaqela abo abafundi mabaphawule iimpendulo ezichanekileyo.

**Ukutshatisa iinxalenye ezimbini zesivakalisi**: Abafundi batshatisa iinxalenye zesivakalisi emaqeleni abo.

**Ukubhala inqaku lephephandaba**: Abafundi mababhale inqaku leklasi eliza kulandelelwa leleqela phambi kokuba umfundi azibhalele elakhe.

**Izichazi-magama**: Sebenzisa izichazi-magama yonke imihla. Izakhono zabafundi ziya kubonisa iqondo lobunzima bemisebenzi.

**Qaphela:** Xa kusenziwa imisebenzi ngokwamaqela, nika inkokheli yeqela iimpendulo ukuze ikwazi ukucebisa amalungu eqela layo.



# Izaqulatho

## Umxholo 1: Sibuyela esikolweni

**Ikota 1: Iiveki 1 – 4**


### 1 Ndibuyele esikolweni 2

Masithethe: Sebenzisa amakhadi ukuze uqikelele umxholo webali.
Masifunde: Ukufunda kunye (ibali).
Umsebenzi wovavanyo lokuqonda. Xela iinkcukacha eziphambili kwinto efundiweyo.
Izandi: b, th, dl, hl.
Ukubhala izivakalisi ezincwadini zemisebenzi kusetyenziswa amagama akwiibhokisi zamagama.
Masifunde: Amagama ajongisiswayo.

### 2 Ukuba sesikolweni 4

Masithethe: Thetha nomhlobo wakho ngeendidi zemidlalo oyithandayo.
Ulwimi: ukulandelelana kwealfabhethi, izibizo ezingamagama.
Masibhale: Sebenzisa amagama owanikiweyo ubhale izivakalisi encwadini yemisebenzi.
Fakela iinkcukacha zakho kwifomu.
Bhala izivakalisi ngezinto ozithandayo nokuba ngoobani abahloo bakho.
Ulwimi: Biyela izibizo ezingamagama ekufuneka ziqale ngonobumba omkhulu.
Masibhale: Yenza ipowusta.

### 3 Ngumhla wokuzalwa kukatitshala 6

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Iyafana nephepha lomsebenzi 1.
Ulwimi: Ukuhlela izibizo phantsi kwezihloko: umntu, indawo okanye into.
Izandi: z, v, kh, ph, f.

### 4 Umnqweno wam eningawaziyo 8

Masibhale: Yenzela umntu omthandayo ikhadi losuku lokuzalwa.
Masifunde: Funda idayari kaPiet uze uthethe nomhlobo wakho ngomnqweno kaPiet olihlebo wosuku lwakhe lokuzalwa.
Masibhale: Bhala umnqweno wakho wosuku lwakho lokuzalwa kwidayari yakho.
Masonwabe: Bhala amagama abahlobo bakho kwiinyanga abazalwa ngazo.

### 5 Lusuku lwemidlalo namhlanje 10

Masithethe: Sebenzisa amakhadi uqikelele ukuba lingantoni na ibali
Masifunde: (ibali)
Izandi: nd, nt, ng, kh.
Ulwimi: Hlahlela amagama ngokwamalungu
Masibhale: Sebenzisa amagama owanikiweyo ubhale isivakalisi
Uvavanyo lokuqonda: Dwelisa imisebenzi ekhankanywe ebalini.

### 6 Usuku lwemidlalo esikolweni 12

Masithethe: Buza abahlobo bakho ukuba yeyiphi imidlalo abayithandayo. Gqibezela itheyibhile.
Ulwimi: Ukulandelelana kwealfabhethi.
Ulwimi: Amagama ambaxa.
Masibhale: Bhala ngomdlalo owuthanda kakhulu.
Masibhale: Yenza ipowusta ubhengeze Usuku Lwemidlalo.

### 7 Lugqithile usuku lwemidlalo 14

Masifunde: Iyafana nephepha lomsebenzi 1.
Izishunquleli.
Izandi: sh, q, x, k, nk.

### 8 Emva kosuku lwemidlalo 16

Masithethe: Yila umdlalo ulinganise okwenzeke ngoSuku lwemidlalo.
Ulwimi: Bhala izivakalisi kwintetho ngqo.
Sebenzisa imephu yezimvo kwisicwangciso sakho.

### 9 Impahla yesikolo iyatsha 18

Ukufunda kunye: Iyafana nephepha lomsebenzi 1.
Ulwimi: Izivumelanisi nezimelabizo (biyela amagama abhekiselele ebantwini abaninzi).
Izandi: hl, ny, mb, bh.

### 10 Ukhuseleko emlilweni . . . 20

Masibhale: Fakela amanani kwimifanekiso ubonise ukulandelelana okuchanekileyo.
Masibhale: Bhala ngomfanekiso ngamnye.
Ulwimi: Faka iziphumlisi kwizivakalisi.
Ulwimi: Izibizo ezingamagama abantu/ezinto, sebenzisa izibizo kwizivakalisi.
Masonwabe: Nceda abacimi-mlilo bafumane indlela.

### 11 Usuku lwelayibrari 22

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Iyafana nephepha lomsebenzi 1.
Izandi: Biyela amagama anesandi esingu-th- ebalini.
Ulwimi: Dibanisa iinxalenye zezivakalisi usebenzise isihlanganisi u-“kuba” ukuze wakhe isivakalisi esimbaxa (ukubonisa unobangela nesiphumo).
Izandi: nz, mf, y, ee, w.

### 12 Ukufunda iincwadi 24

Bhala uphengululo lwencwadi
Funa amagama azalanayo
Masithethe: Zoba iimpawu uze uchazele umhlobo wakho ngalo.

### 13 Izinto esizithandayo 26

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Iresiphi
Izandi: gc, qh, mb.
Umsebenzi wolonwabo oneempendulo ezininzi ezikhethisayo.

### 14 Ngubani othanda ntoni? 28

Masibhale: Ukuba nodliwano-ndlebe nabahlobo nokuzalisa itheyibhile.
Bhala iresiphi oyithandayo
Ulwimi: Ukuhlanganisa izivakalisi – intloko nesivisa.

### 15 Undwendwe olungaqhelekanga esikolweni sethu 30

Yenza umdlalo webali lebhokhwe eze esikolweni
Izandi: ty, kr, c.

### 16 Ibhokhwe yasesikolweni 32

Masibhale: Nika imifanekiso iinombolo ilandelelane ngokuhamba kwebali. Bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye.
Bhala incwadi yamabali usebenzise isikhokelo somsiko. Ibali lakho malibe nesiqalo, isiqu nesiphelo.






# Ndibuyele esikolweni



**Masithethe** Jonga umfanekiso uthethe ngokubonayo.




**Masifunde**

Sivuya kakhulu njengokuba sikwiBanga lesi-3 nje.

"Ngethamsanqa ndiza kuba ngutitshala wenu," kutsho uNkosikazi Dlamini.

"Ndiyazi ukuba niza kusebenza ngokuzimisela kweli banga," watsho.

"Kukho abantwana ababini abatsha. UPhilile noLona," waleka watsho.

ULona uhamba ngesitulo sabalimeleyo.
Siza kumthatha simbonise isikolo.



Umhla: ____________

Iklasi yabo intle icocekile.
Kukho umyalezo osedongeni othi iklasi mayihlale icocekile.



## Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | |
|---|---|---|---|
| thatha | ibala | dlala | hlala |
| thoba | isabelo | dlula | ihlelo |
| thetha | ibanga | dloba | hluza |

## Bhala

Phendula le mibuzo. Igama lokuqala lempendulo kumele liqale ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.

| |
|---|
| Benza eliphi ibanga ngoku? |
| Benza |
| Ngubani ohamba ngesitulo sabalimeleyo? |
| |
| Kutheni kukho umyalezo omkhulu edongeni? |
| Ubhalwe ukuze |
| Ngoobani abantwana abatsha? |
| Abantwana abatsha ngu ______ no ______ |

# 2 Ukuba sesikolweni



**Masenzeni oku** Thetha nomhlobo wakho malunga nemidlalo oyithandayo.





**Bhala** Bhala amagama amane abahlobo bakho uwalandelelanise ngokwealfabhethi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1 | | 3 | |
| 2 | | 4 | |



**Sisebenza ngamagama** Biyela amagama abantu, aweendawo, iintsuku okanye iinyanga. Uwunikiwe umzekelo.

**Izibizo**



| | | | |
|---|---|---|---|
| iikawusi | epreli | izihlangu | ethekwini |
| unkosikazi | dlamini | ujabu | ubonile |
| elwandle | utitshala | indlu | ngecawe |
| ujanyuwari | ekapa | ibhayisekile | ibhasi |



Gqibezela eli khadi limalunga nawe. **Masonwabe**



Igama lam ________________________________.

Ndenza iBanga ______________. Ndineminyaka ______________.

Igama lomhlobo wam ________________________________.

Umdlalo endiwuthandayo ________________________________.

Incwadi endiyithandayo ________________________________.



**Bhala** Bhala izivakalisi ezibini ngawe, izinto ozithandayo nokuba ngoobani abahlobo bakho.




**Amagama okujongisiswa**

ithamsanqa
ekujikeleni
umyalelo





**Masonwabe** Jonga esi saziso simalunga nokugcina isikolo sicocekile. Balisela umhlobo wakho ukuba sithi isaziso, kufanele ukuba kwenziwe ntoni. Ungabhala ezinye izivakalisi wongeze esazisweni. Bhala ngesandla esicacileyo.





## Yeka ukuba lixelegu.
## Yiba lihomba.

Gcina isikolo sakho sicocekile.
Chola amaphepha.
Sebenzisa umgqomo wenkunkuma.

Teacher:
Sign:
Date:

# Ngumhla wokuzalwa kukatitshala



**Masithethe** Jonga umfanekiso uthethe ngokubonayo.



**Masifunde**

Namhlanje lusuku lokuzalwa lukatitshala wethu. Ubenamakhandlela amaninzi ekeyikini yakhe.

Emva kokuba uTitshalakazi Dlamini ewavuthele onke, siye sacula iculo satya ikeyiki.



Simphe isipho sefoto yedada elihleli elityeni.

Siye sabhala amagama ethu ekhalendeni.

Usuku luka-Ann lokuzalwa lungeyoKwindla. OlukaBongi lungeyeSilimela. OlukaLona lungekaCanzibe.

Umhla: ____________

Bhala Phendula le mibuzo. Khumbula ukusebenzisa oonobumba abakhulu nezingxi kwiimpendulo zakho.

Ngubani ozalwa namhlanje?

Ngubani oza kuba netheko lomhla wokuzalwa ngeyoKwindla?

Angakwazi uBongi ukuba netheko lokuqubha ngomhla wokuzalwa kwakhe? Ngoba kutheni?

Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| izolo | vuthela | khula | phepha | ifoto |
| uZizi | vala | ikhandlela | isipho | faka |
| izele | veza | ikhephu | phuma | fika |

Bhala Sebenzisa la magama uwabhale emakhadini afanelekileyo.

isikolo, isihlangu, eThekwini, idesika, isikolo, ipeni, uJabu, iKapa, iPolokwane, uAnna

| UMNTU | INDAWO | INTO |
|---|---|---|
| | | |
| | | |
| | | |


# 4 Umnqweno wam olihlebo




Masenzeni oku

Yenza ikhadi lokuzalwa lomntu omthandayo.
Bhala amazwi amnandi ngaphambili ekhadini. Wabhale ngasentla komfanekiso. Bhala ngaphakathi ke ngoku umyalezo omnandi womhla wakhe omkhulu wokuzalwa.









Bhala

Funda idayari kaBonile uze uncokole nabahlobo bakho ngomnqweno kaBonile olihlebo womhla wakhe.

Dayari ethandekayo 21 Matshi 2015

Xa ndiba neminyaka esibhozo ngenyanga ezayo, ndinqwenela ukuphiwa isipho esingaqhelekanga. Andizifuni izinto zokudlala. Andifuni kwanto eyenye. Ndifuna utata eze ekhaya ngosuku lwam lokuzalwa ukuze andithathe ayokubukela nam ibhola ekhatywayo.



# 5 Lusuku lwemidlalo namhlanje

Masithethe

Jonga umfanekiso uthethe ngokubonayo.



Masifunde

ULona yena wathi, "Ndiza kwenza isaziso ndazise abantu ngoSuku Lwemidlalo."


"Ndiza kwenza iitshiphusi endiza kuzithengisa," kutsho uBongi.

"Ndiza kumncedisa uJabu xa efaka itshiphusi ezipakethini," kwatsho uAnn.

"Ndiza kufuna amaculo esiza kuwacula athandwa ngabantwana," kutsho uJabu.

"Ndiza kuma entanjeni ndibone abaphumelelayo," kutsho uBonile.

"Ndiza kuma esangweni ndamkele abazali ndibakhombise apho baza kuhlala khona," kutsho uPhilile.



# Izalathandawo



Bhala

Hlahlela la magama ubonise izandi zawo.

ngasemva ngaphakathi phakathi ngaphambili ngaphandle ngaphantsi

| Wabhale alandelelane ngokwealfabhethi. | | | |
|---|---|---|---|
| 1 | | 4 | |
| 2 | | 5 | |
| 3 | | 6 | |



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.


| | | | |
|---|---|---|---|
| ndim | into | ngena | khomba |
| inde | abantu | thenga | khula |
| funda | intambo | ingoma | khetha |



Bhala

Jonga olu luhlu lwezinto eziza kwenziwa. Bhala igama lomntu oza kwenza umsebenzi. Xela ukuba loo msebenzi uza kwenziwa ngaphambi okanye ngemva koSuku Lwemidlalo na.

USUKU LWEMIDLALO




| Okufuna ukwenziwa. | Umntu ozokwenza oza kwenza. | Akwenze phambi okanye emva koSuku Lwemidlalo Lwesikolo? |
|---|---|---|
| Ukubhala isaziso. | uLona | Ngaphambi |
| Ukwenza amaqhashu. | | |
| Ukufaka amaqhashu ezipakethini. | | |
| Ukuqamba amaculo. | | |

# 6 Usuku lwemidlalo esikolweni



**Masenzeni oku**

Buza abahlobo bakho abathathu ukuba bathanda yiphi imidlalo. Bhala amagama abo uze ulandelise ngemidlalo abayithandayo.




| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Igama | uThandi | | | |
| Umdlalo awuthandayo | ibhola yomnyazi | | | |



**Bhala**

Bhala amanani kwezi zintlu zamagama ubonise amagama ngokulandelelana kwealfabhethi. Ibhokisi yokuqala uyenzelwe.



| | |
|---|---|
| 1 | bala |
| 3 | impuku |
| 2 | bomvu |

| | |
|---|---|
| | umnqwazi |
| | betha |
| | tshisa |

| | |
|---|---|
| | phumla |
| | ityali |
| | bona |



**Bhala**

Yenza izibalo ngala magama.



inqwelo + intaka = inqwelontaka

khomba + indlela =



intaba + umlilo =

vuma + zonke =

Umhla: ____________



Bhala

Bhala izivakalisi ezithathu ngohlobo lomdlalo oluthandayo.



## Amagama okujongisiswa

ukukhubazeka
khomba
ngaphambi





Masonwabe

Ncedisa uLona ekubhaleni ipowusta yesaziso esazisa abahlali ngoSuku Lwemidlalo Esikolweni. Bhalani igama lesikolo. Zobani imifanekiso esazisweni nibonise ukuba kuza kwenzeka ntoni ngolu suku. Fakani nokunye enibona ukuba kuza kufuneka. Bonisani abahlobo benu isaziso xa senigqibile.



Isikolo sase ____________________________



# USUKU LWEMIDLALO



Masizobukela imidlalo esikolweni ngoMgqibelo umhla wesi-5 kweyoKwindla

Iqala ngeyure ye-10 kusasa

Teacher:
Sign:
Date:

# Lugqithile usuku lwemidlalo





**Masithethe** Jonga umfanekiso uthethe ngokubonayo.





**Masifunde**

Kwaba mnandi kuye wonke umntu ngosuku lwemidlalo esikolweni. Kwakushushu, libalele, kusehlotyeni ngokwenene. Oomama bethu nootata babecula bonwabile. Thina sasibaleka. Kukho ababememeza besithi, "Mshiye! Mshiye!" Kumnandi.

Dumdum, laqala ukuna. Laduduma sathwala izandla sabaleka. Saba manzi sagodola, saxakeka sayiloo nto. Umoya waphaphathekisa izaziso zethu zawa.

Sangena eziklasini salinda khona. Kodwa saya emakhaya sekuyekile ukuna.






Ikholamu esekhohlo ibonisa amagama ashwankathelweyo ahambelana namagama akwikholamu esekunene.
Thelekisa la magama.



| | | |
|---|---|---|
| iso | | ilitye |
| itye | | ilizwe |
| iwa | | iliwa |
| izwe | | iliso |








Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.



| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| shiyeka | qala | xela | ikona | inkomo |
| ishushu | qola | xakeka | kuye | inkulu |
| mshiye | qula | xaka | kaloku | inkosi |






Phendula le mibuzo. Igama lokuqala lempendulo kumele liqale ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.

| |
|---|
| Yintoni eyaphazamisa umhla wemidlalo esikolweni? |
| |
| Babalekela phi abantu ukuya kuzifihla? |
| |
| Xa ujonga, ingaba bayimamela imo yezulu? Utsho ngoba kutheni? |
| |
| Ungathi sithini isihloko seli bali? |
| |

# Impahla yesikolo iyatsha





Masithethe

Jonga umfanekiso uxoxe ngokubonayo.



Masifunde



Namhlanje besiseklasini ngexesha sisiva kunuka umsi. USipoti nguye obenikina impumlo enukisa. Besimangele sonke ukuba kunuka ntoni.



Siye saya phantsi kwemithi safika sema khona senza umgca.

Saye sabona indlu yeempahla zesikolo isitsha. Utitshala uye wafowunela abomlilo. Inombolo yabo ngu-10 177.



Kufike amadoda amathandathu ezokucima umlilo. Ayebophe amabhanti amakhulu, efake imibhobho emilonyeni.



Afika ngeloli ethwele izinto ezininzi zokucima umlilo.

Asebenzise ithumbu elikhulu elide ukucima umlilo. Zange itshe yonke indlu yeempahla zesikolo.

# Izimelabizo



Bhala Biyela amagama abhekisa kwisininzi sabantu.

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Mna | thina | ndim | ngabo | yena | bona | kwethu | kwam |
| kwabo | kwakho | wena | nina | kwakhe | kwenu | zabo | |



Bhala Khetha ubiyele igama elichanekileyo.

| | | | |
|---|---|---|---|
| Yena | uya | baya | baleka. |
| Bona | uya | baya | esikolweni. |
| Wena | uya | baya | funda. |

| | | | |
|---|---|---|---|
| UBongi | uya | baya | phumelela. |
| Abantwana | uya | baya | emidlalweni. |
| USam | uya | baya | dlala. |



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | |
|---|---|---|---|
| umhla | inyama | iimbambbo | amabhanti |
| namhlanje | emlonyeni | umbona | imibhobho |
| mhle | inye | inombolo | ibhola |



Bhala Phendula le mibuzo. Igama lokuqala lempendulo kumele liqale ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.

Yintoni eyayisitsha?

Bangaphi abacimi-mlilo abafikayo ukuza kucima umlilo?

Kutheni utitshalakazi Dlamini esithi abantwana mabame ngomgca phantsi komthi?

Kungoba



Ithini inombolo yabacimi-mlilo?



# 10 Ukhuseleko emlilweni ...

**Masenzeni oku** Bhala iinombolo kule mifanekiso ubonise ukulandelelana kwayo.









**Bhala** Bhala isivakalisi esinye ngomfanekiso ngamnye.

Umhla: ______

## Bhala

Faka uphawu olufanelekileyo ebhokisini.

umbuzo ? isikhuzo ! isingxi .

| | |
|---|---|
| Ncedani, iimpahla zesikolo ziyatsha | ! |
| Kwafika abacimi-mlilo abathandathu bezokucima umlilo | |
| Bawucima njani umlilo | |
| Uphi umlilo | |
| Uvuthe nini umlilo | |

**Amagama okujongisiswa**

kufanele
kufuneka
simangele
namhlanje



## Sisebenza ngamagama


**Izibizo**

Krwela amagama afanele ukuba noonobumba abakhulu.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ubongi | utumi | eyomqungu | ikati | eyokwindla |
| ikapa | ubonile | umvulo | dlala | ulwesithathu |
| isele | mpumalanga | ethekwini | igoli | libalele |
| upetro | ujabu | ipeni | irula | ipensile |

## Masonwabe

Nceda abacimi- mlilo bakwazi ukufikelela kwindlu ebomvu, eluhlaza kunye nakwemthubi.



Teacher:
Sign:
Date:

# 11 Usuku lweLayibrari



**Masithethe** Jonga umfanekiso uthethe ngokubonayo.






**Bhala** Funa amagama anesandi u-th uwabiyele ngesangqa.

Namhlanje thina besikwindawo eneencwadi ezininzi.

ULona ubehamba ngesitulo sakhe sabalimeleyo. Siyasinda sona xa usityhala. Bekukho iincwadi ezininzi nyhani apho.

Ndithande incwadi ethetha ngehashe. Eli hashe lona lalikwazi ukubhabha.

UBongi simfumanele incwadi eneendlela zokubhaka ikeyiki. Yena kaloku uthanda ukubhaka.

URoni mfutshane. Akakwazanga yena ukufikelela ezincwadini eziphezulu.

USipoti usale ngaphandle. Akavunyelwanga ukuba angene kwithala leencwadi.

Bekukho isaziso esithi izinja azivunyelwa ukuba zingene.



Umhla:



Bhala

Ngqamanisa amagama asekhohlo nalawo asekunene ukuze kwakheke isivakalisi.


| | |
|---|---|
| Akazange aye esikolweni ngoba | bekushushu. |
| Ndiye ndanxiba ijezi ngoba | belibonakala ngathi liza kuna. |
| Ndihambe nesambreli ngoba | ubegula. |
| Bendidlala ngaphandle kuba | bekubanda. |



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| inzima | imfuno | yeyele | yeencwadi | wabo |
| zininzi | imfutshane | yona | zeebhokhwe | wethu |
| iinzipho | imfene | vuyani | eneendlela | amawabo |



Bhala

Phendula le mibuzo ngokugqibezela isivakalisi ngasinye.

| |
|---|
| Kutheni ebenengxaki nje uAnn ekutyhaleni isitulo sikaBongi? |
| Kungokuba sona |
| Kutheni uRoni engafikeleli nje ezincwadini eziphezulu? |
| Kungokuba yena |
| Kutheni uBongi ethathe incwadi yokupheka nje? |
| Kungokuba yena |
| Kutheni uSipoti kufuneka ahlale phandle nje? |
| Kungokuba yena |

Bhala

Tshatisa amagama asebhokisini eluhlaza nalawo asebhokisini etyheli.

| | | |
|---|---|---|
| bhaka | | azivunyelwa |
| iincwadi | | alibhabhi |
| izinja | | ezininzi |
| ihashe | | ikeyiki |

| | | |
|---|---|---|
| dudula | | bekukho |
| uSipoti | | ndithande |
| incwadi | | inqwelo |
| isaziso | | uphandle |

**Amagama okujongisiswa**


namhlanje
ngoku
nini
wena

Masonwabe

Zoba iimpawu zoku kulandelayo uze uchazele umhlobo wakho ukuba zimalunga nantoni.



Azivumelekanga izinja.



Azivumelekanga iivuvuzela.



Azivumelekanga iiselula.



Azivumelekanga iibhokhwe.

Teacher:
Sign:
Date:

# Izinto esizithandayo





Masithethe

Jonga umfanekiso uthethe ngokubonayo.




UBongi ubonisa abantwana ukuba enziwa njani amaqhashu.



Masifunde

## Umenzi maqhashu



Okufunekayo
Amacephe ama-2 eoyile
Isiqingatha sekomityi yombona
Ityiwa

Okufuneka ukwenze
Galela ioyile embizeni
Galela umbona embizeni.
Beka imbiza esitovini esitshisayo. Lumka ungazitshisi.
Mamela ukugcadeka kombona.
Xa ngathi ulungile, vula imbiza.
Cima isitovu.

Galela amaqhashu esityeni uze usasaze ityiwa. Hlukuhla imbiza.
Yitya uwonwabele.

Umhla:



Bhala Biyela impendulo efanelekileyo.

| Kufuneka ioyile engakanani? | |
|---|---|
| A | Itisipuni enye |
| B | Amacephe amabini |
| C | Amacephe amathathu |

| Yintoni enye efunekayo? | |
|---|---|
| A | Amaqhashu |
| B | Amaqhashu netyiwa |
| C | Ibhanana |

| Kutheni kufuneka unonophele xa usenza amaqhashu? |
|---|
| |

| Uza kwazi njani ukuba amaqhashu sele elungile? |
|---|
| |


Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | |
|---|---|---|
| gcina | amaqhashu | imbiza |
| gcada | ayaqhuma | imbewu |
| gcuma | isiqholo | imbali |

Bhala Zivakala njani emlonyeni ezi zinto zilandelayo?
Funa ze ubiyele impendulo efanelekileyo.




| | |
|---|---|
| A | iswiti |
| B | imuncu |
| C | iyababa |
| D | inetyiwa |



| | |
|---|---|
| A | iswiti |
| B | imuncu |
| C | iyababa |
| D | inetyiwa |



| | |
|---|---|
| A | iswiti |
| B | imuncu |
| C | iyababa |
| D | inetyiwa |



| | |
|---|---|
| A | iswiti |
| B | imuncu |
| C | iyababa |
| D | inetyiwa |

# Ngubani othanda ntoni?





| Uthanda yiphi | ezintsukwini zeveki? | kwiintlobo zemidlalo? | incwadi endiyithandayo? |
|---|---|---|---|
| Igama lam | | | |
| Umhlobo | | | |
| Umhlobo | | | |



**Bhala** Krwela umgca ungqamanise izivakalisi ezikwibhokisi ebhulowu kunye nezikwibhokisi emthubi.

| | | |
|---|---|---|
| Kubonakala ngathi liza kuna. | | Ndifowunele abacimi-mlilo. |
| Kubonakala ngathi liza kubanda. | | Ndisike isonka. |
| Bendiyokudlala ibhola. | | Ndilande ileli. |
| Ibhasi ibisitsha. | | Ndinxibe ijezi ndaya esikolweni. |
| Ikati esemthini ayikwazi ukwehla. | | Ndihambe nesambreli ndaya esikolweni. |
| Bendifuna ukubhaka isonka. | | Ndenze ikhadi lomhla wokuzalwa. |
| Ibingumhla wokuzalwa komhlobo wam. | | Ndilulungisile ucingo. |
| Ibhokhwe iphume emngxunyeni osecingweni. | | Ndihambe nezihlangu zebhola ndaya esikolweni. |

# Undwendwe olungaqhelekanga esikolweni sethu





Masithethe

Jonga imifanekiso uthethe ngokubonayo.



Masifunde









## INTSHAYELELO YEBALI

Besiseklasini sisebenza namhlanje. Besifunda sibhala. UBongi uye wasixelela ukuba kukho othathe ukutya kwakhe. Kodwa asibonanga mntu ekuthatha.

## ISIQU SEBALI

Seva uBonile esithi kukho okrazule incwadi yakhe nangona singabonanga mntu eyiphatha.

Ngokukhawuleza safumanisa ukuba iintyatyambo zikatitshala asisaziboni. Samangala ukuba sekwenzekeni kuzo.

Saya kukhangela ukuba ngubani owenze konke oku.

Kuba ucingo lunesikroba , kungene ibhokhwe esikolweni. Kuba ibilambile ivele yatya konke ekubonayo.

## ISIPHELO SEBALI

Sonwabile kuba uSipoti uyisukele wayileqa.
Uyileqe umgama ongangekhilomitha enye.
Emva koko sasebenza silungisa ucingo lwesikolo.

Umhla:

## Masenzeni oku

Dlalani ibali lebhokhwe efike esikolweni.



## Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | |
|---|---|---|
| yitya | ityala | ityobokile |
| isikroba | krokra | ikrele |
| ucingo | icici | icawa |

## Bhala

Phendula le mibuzo. Igama lokuqala lempendulo kumele liqale ngonobumba omkhulu.
Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.

Biza izinto ezintathu ezityiwe yibhokhwe.

1.

2.

3.

Ingene njani ibhokhwe esikolweni?

Ileqwe yagxothwa ngubani?

Cinga isihloko esifanele eli bali uze usibhale apha.

# 16 Ibhokhwe yasesikolweni

Bhala

Bhala iinombolo kumfanekiso ngamnye ngokulandelelana kwayo.
Bhala isivakalisi esichaza umfanekiso ngamnye.









Masonwabe

Bhala ibali lakho ephepheni. Kufanele libe nesiqalo, isiqu kunye nesiphelo. Cela umhlobo wakho ukuba akuncede nilungise iziphoso kulo. Yenza incwadi yakho ke ngoku. Sika ikhasi lencwadi.
Sika ulandele amachokoza. Goba iphepha ulandele umgca ochokoziweyo.
Bhala isihloko sencwadi eluqweqweni lwencwadi. Bhala igama lakho ngezantsi kwesihloko kuba nguwe umbhali.
Zoba umfanekiso eqweqweni lwencwadi. Bhala ibali ke ngoku kule ncwadi.



Iziqulatho

## Umxholo 2: Usapho nabahlobo — Ikota 1 Iiveki 5 – 10


**17 Umzala wam endimthandayo 36**

Masithethe: Sebenzisa amakhadi ukuze uqikelele ukuba lingantoni na ibali
Ukufunda novavanyo lokuqonda: Funda ileta evela kuDumi eya kuBongi. Qaphela idilesi nesibuliso. Uvavanyo lokuqonda ngomxholo.
Izandi: nw, nj, xh, x.

**18 Umzala wam 38**

Masithethe: Thetha ngeendidi zemidlalo eniyidlalayo. Ingakhona imidlalo enobungozi? Iintelekelelo
Masibhale: Bhala ileta. Xela okwenza esikolweni uze uchaze iindaba.
Zoba umthi womnombo wosapho. Bhala amagama abantu bosapho (izibizo ezingamagama abantu)

**19 Sindwendwele usapho 40**

Masithethe: Thetha ngomfanekiso uze uqikelele ukuba kuza kwenzeka ntoni ebalini.
Ukufunda novavanyo lokuqonda: Ibali
Izandi: ii, mp, ph, qh.

**20 Ndindwendwela umzala wam 42**

Masibhale: Yenzela umntu omaziyo ogulayo ikhadi lokumnqwenelela impilo entle.
Ulwimi: Ukutshintsha izivakalisi kwixesha langoku zibe kwixesha elizayo uqale ngo-Ngomso
Masibhale: Bhala izinto ezikwenza uzive wonwabile, ulusizi, unomsindo okanye usoyika
Masithethe: Khuphela imeyizi ukuze ufumane indlela uze uchazele umhlobo wakho ngomlomo indlela eya kuloDumi.

**21 Side safika ngelingeni 44**

Ukufunda novavanyo lokuqonda (ibali)
Masibhale: funa amagama ebalini uze uwafakele kwikholamu enesandi esichanekileyo: w, kh, b
Izandi: kw, bh, m, ty.

**22 Esikwenze kunye 46**

Masithethe: Yenzani umdlalo nibonise okwenzeka ebalini.
Masibhale: Faka iziphumlisi kwizivakalisi
Masibhale: Bhala izivakalisi kwakhona kwixesha eladlulayo uziqale ngo-Izolo.
Dlalani umdlalo wamagama nisebenzise izandi enizifunde ukuza kufikelela ngoku.

**23 Ubherana ulahlekile 48**

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Funda ibali uze uphendule imibuzo.
Izandi: Biyela amagama anezi zandi
Izandi: kw, mv, bh, d.

**24 Ezilahlekileyo nezifunyenweyo 50**

Masibhale: Beka imifanekiso ilandelelane kakuhle ukuze ubalise ibali.
Bhala isivakalisi kumfanekiso ngamnye
Masibhale: ukuthelekisa izenzi ezikwixesha langoku neladlulayo
Masonwabe: jonga umahluko (iinkcazelo)

**25 UTumi uyalahleka 52**

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Ibali
Izandi: ny, hl, t, th, i.
Ulwimi: Izenzi namaxesha, izolo, namhlanje okanye ngomso.

**26 Ukhuseleko lwabantwana 54**

Masibhale: Bhala ibali elimalunga nokulahleka kwakho
Ulwimi: Izivumelanisi
Masibhale: Nombola izivakalisi ubonise ukulandelelana kweziganeko zebali.
Masithethe: Landela imeyizi ukuze ufumane indlela uze uxelele iqabane lakho ngomlomo indlela emaliyihambe.

**27 Ipikiniki yomhla wokuzalwa kukatatomkhulu 56**

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Funda isimemo setheko lokuvuyisana lomhla wokuzalwa.
Izandi: c, nc, ch, x, xh,
Masibhale: Yakha imibuzo usebenzise amagama Nini, Phi, Ngubani nophawu lombuzo ekugqibeleni.

**28 Amatheko neepikiniki 58**

Masithethe: Yenza uphando. Buza imibuzo uze ubhale iimpendulo kwitheyibhile.
Ulwimi: Xela izenzi ezikwixesha elidlulileyo.
Ulwimi: Tshatisa izenzi ezikwixesha elidlulileyo nezikwixesha langoku.
Ulwimi: Bhala izivakalisi zibe kwixesha elidlulileyo ziqale ngo-Izolo
Ulwimi: Ukulandelelana kwealfabhethi
Masibhale: Bhala isimemo somhla wokuzalwa.

**29 Usapho olunempilo 60**

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Funda idayari kaJabu
Izandi: oo, i i, w, y, uml, um, nk, imp.
Izandi:Hlela amagama ngokwezandi ezichanekileyo.

**30 Ukuhlalisana kakuhle 62**

Bhala amaxesha ezinto ezichazwe kwidayari kaJabu.
Masibhale: Bhala izivakalisi zibe kwixesha elidlulileyo ngento oyenze izolo. Qala isivakalisi ngo-“Izolo”.
Masibhale: Bhala kwidayari into oza kuyenza kule veki izayo.
Masifunde: Funda into ebhalwe ngumhlobo wakho ubone ukuba ingaba uza kwenza into efanayo na.
Dlala umdlalo weenyoka neeleli. Sika lo mdlalo ngemva encwadini.

**31 Ibali likamhakhulu 64**

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Funda ibali elingengqayi kamhakhulu.
Izandi: hl, b, kw, nz.


**32 Ibali losapho 66**

Masithethe: Yenzani umdlalo nilinganise ibali lengqayi.
Masibhale: Nombola izivakalisi ngokulandelelana kweziganeko ebalini.
Masibhale: Yenza isicwangciso sebali usebenzise imephu yezimvo.
Masibhale: Bhala ibali lencwadi usebenzise umzekelo womsiko. Ibali malibe nesiqalo, isiqu nesiphelo.






# 17 Umzala wam endimthandayo



Masithethe Jonga imifanekiso uthethe ngokubonayo.





I Section BB
Esihlahleni Road
Imbali Township
5 Matshi 2015

Bongi endimthandayo

Ninjani, mzala wam?

Ingqondo yam ayililibali ixesha owawusindwendwele ngalo ngeholide edlulileyo. Uyakhumbula ukuba sadlala emfuleni, sileqana noonojubalala? Sakhwela emithini, sisikha iziqhamo. Ngubani kakade owasixelela esilumkisa ukuba singawi? Kwakungasemnandi. Nguwe futhi owathi iinwele zam zifuna ukuhlanjwa wathatha itawuli wandikhama ngayo?

Sesivulile ke ngoku esikolweni. Silungiselela ikonisathi. Singavuya kakhulu ukuba ungeza ekonisathini. Mna ndiyaxhentsa, umntakwethu ubetha amagubu.

Ndinqwenela ukuba singabhala enye incwadi sikucele usindwendwele kwakhona.

Umzala wakho,

Dumi



Umhla:



Bhala

Funda ibali uze uphendule imibuzo kwiphepha lama-36.



| Ngubani owabhala ileta? |
|---|
| |
| **Iya kubani ileta?** |
| |
| **Yabhalwa ngowuphi umhla ileta?** |
| |
| **Yayimalunga nantoni ileta? Bhala izinto ezimbini.** |
| 1. |
| 2. |
| **Uza kwenza ntoni uDumi ekonisathini yesikolo?** |
| |

**Amagama okujongisiswa**

yincwadi
wagingqa
waxwaya



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.




| | |
|---|---|
| iinwele | njalo |
| yonwaba | inja |
| nwenwa | injongo |

| | |
|---|---|
| xhela | uxolo |
| xhentsa | xelela |
| xhuma | xaba |




# Umzala wam





**Masithethe**

Xoxa nomhlobo wakho malunga nezinye zezinto ozenzayo xa udlala nabanye abantwana. Ingaba uyayidlala imidlalo enokuba nobungozi?
Thetha ngendaba onazo ngosapho lwakho nesikolo sakho.



**Bhala**

Bhalela umza wakho ileta. Xela ukuba wenza ntoni esikolweni uze umxelele nendaba ngosapho lwakowenu.



Bhala idilesi yakho ______________________

______________________

______________________

Bhala umhla wanamhlanje ______________________

______________________ endimthandayo

______________________

______________________

______________________

______________________

______________________

______________________

______________________



Ndim,

______________________ Bhala igama lakho.

# 19 Sindwendwele usapho

**Masithethe** Jonga imifanekiso uthethe ngokubonayo.



**Masifunde**

Umama kaDumi uyagula. UBongi nonina baza kumndwendwela. Baza kuhamba ngetekisi. UBongi uza kundwendwela umzala wakhe uDumi. Uza kuvuya kakhulu akumbona.

Bapakisha iimpahla. UBongi ulungisa isipho aza kusinika uDumi. Wenza nekhadi lokunqwenela umama kaDumi impilo entle. Baza kuhlala iintsuku ezimbini kuphela.

Itekisi yabo iza kuhamba ebusuku. Iza kukhanyisa izibane kanti nenyanga iza kube ikhona. Kusasa uDumi noBongi baza kudlala nabantwana emlanjeni. UDumi kaloku uyathandwa ngabantwana. Baza kuzama nokufumana iziqhamo ngasemlanjeni.



Umhla:





Bhala

Phendula le mibuzo. Igama lokuqala lempendulo kufanele ukuba liqale ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.

| |
|---|
| Uyaphi uBongi? |
| |
| Uhamba nabani uBongi? |
| |
| Kutheni bendwendwela uDumi nje? |
| |
| Uza kwenzani uBongi xa efika kuloDumi? |
| |
| Baza kuhamba ngantoni? |
| |
| Baza kuhamba nini? |
| |

**Amagama okujongisiswa**

- undwendwe
- inyanga
- umlambo



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.





| | | | |
|---|---|---|---|
| iintsuku | impahla | phakama | iziqhamo |
| iinwele | impangele | phumla | iqhayiya |
| iindawo | impempe | kuphela | qho |

# 20 Ndindwendwela umzala wam



Masenzeni oku

Yenza ikhadi lokunqwenela ogulayo ukuba aphile.
Bhala umyalezo ngaphambili ekhadini. Wubhale ngasentla komfanekiso.
Ngaphakathi bhala umyalezo onomnqweno wokuba aphile.








Ixesha elizayo





Bhala

Phinda ubhale ezi zivakalisi, qala ngegama elithi Ngomso.
Eyokuqala uyenzelwe.



| |
|---|
| Nditya ukutya kwam. |
| Ngomso ndiza kutya ukutya kwam. |
| Ndiya kuloDumi. |
| Ngomso |
| Ndidlala noDumi. |
| Ngomso |
| Sihamba ngetekisi. |
| Ngomso |

Umhla: ______




**Bhala** Bhala isivakalisi uxele ukuba yintoni ekuvuyisayo, ekuphatha kakubi, ekucaphukisayo kunye. nekoyikisayo.

| | |
|---|---|
|  | Yintoni ekwenza wonwabe? |
| | |
|  | Yintoni ekwenza ukhathazeke? |
| | |
|  | Yintoni ekwenza ucaphuke? |
| | |
|  | Yintoni ekwenza woyike? |
| | |




**Masonwabe** Yazisa umhlobo wakho ukuba kuyiwa njani kuloDumi. Yitsho ukuba bajike nini ngasekunene okanye ngasekhohlo.




Teacher:
Sign:
Date:

# Side safika ngelingeni





Masithethe Jonga umfanekiso uthethe ngokubonayo.





Masifunde

Yafika itekisi kuloDumi. Kwakuyintsimbi yesi-8 entloko. "Sade safika," kutsho uBongi, watsho evula bangena.

Wavuya uBongi akubona umzala wakhe. "Awu, Dumi," watsho ngobubele uBongi.

"Yiza siyokubona oonojubalala emlanjeni," kukhwaza uDumi.

"Hayi!" wanqanda umama kaDumi. "Hlalani phantsi nobabini nitye."

"Ndifuna ukukhwela emthini epakini," wakhwaza uBongi.

"Hayi, akukwazi ukukhwela emthini ngeli xesha. Hlalani phantsi nitye isonka," kutsho umama wakhe.





Bhala

Phendula le mibuzo. Igama lokuqala lempendulo kufanele ukuba liqale ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.



| |
|---|
| Ifike xesha liphi itekisi kuloDumi? |
| |
| Yintoni afune ukuyenza kuqala uDumi? |
| |
| Ingaba kwakuyinto elungileyo ukuba badlale emlanjeni ngobuya busuku? Ngoba kutheni? |
| |
| |
| |



Bhala

Khangela ebalini amagama anezi zandi uze uwabhale kwikholamu echanekileyo.



| w | kh | b |
|---|---|---|
| | | |
| | | |

**Amagama okujongisiswa**

inkwali
isankwane
isindwebi



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.



| | |
|---|---|
| kwaza | ibhotwe |
| kwaya | ibhola |
| kwaba | ibhongo |

| | |
|---|---|
| umongo | ityali |
| imophu | ityala |
| imoto | ityuwa |

# Esikwenze kunye



**Masenzeni oku**

Dlalani nilinganise uDumi noBongi befuna ukuya kudlala. Bonisani umama kaDumi esithi mabatye baze bayokudlala kamva.

**Bhala** Bhala ngokutsha ezi zivakalisi usebenzise iziphumlisi ezichanekileyo.



| ubongi nodumi badlala ngomgqibelo |
| --- |
| |

| usam uza kuba neminyaka emithandathu ngojuni |
| --- |
| |


**Bhala** Bhala ezi zivakalisi ngokutsha, qala ngegama elithi Izolo. Sebenzisa la magama okuncede.

**Ixesha elidlulileyo**

bendi · besi · ndigcade · ndibhake · ndidlale

| Ndisesikolweni. |
| --- |
| Izolo |
| Ndidlala nabahlobo bam. |
| Izolo |
| Ndigcada iqanda. |
| Izolo |
| Ndibhaka ikeyiki. |
| Izolo |
| Sisesikolweni. |
| Izolo |

# 23 Ubherana ulahlekile



Masithethe

Jonga imifanekiso uthethe ngokubonayo.





Masifunde

Bekumnandi kuloDumi. UDumi undiphe isipho esihle. Undiphe unodoli webhere. Unesikhumba esithambileyo.

Sibuyele ekhaya ngetekisi. Imvula iye yaqalisa ukuna sisesendleleni. Ibe ngathi ilanga litshonile kwabanda. Umama wandombathisa ngengubo ndafudumala.

Siphume ngemvula etekisini saya kungena esangweni ekhaya. Ndixelele umama ukuba andimboni unopopi. Akekho. Bendisithi wehlikile etekisini. Ndasuka ndalila. Bendililela ukuya kumfuna etekisini.

Samkhangela engubeni efudumeleyo. Nanku. Usindile. Ndavuya kakhulu.



Umhla:

Bhala

Funda ibali uze ukhethe impendulo efanelekileyo.
Eyokuqala uyenzelwe.

| Limalunga nantoni ibali? | |
|---|---|
| A | UBongi udlala nomhlobo. |
| B | UBongi ubaleka emvuleni. |
| C | UBongi ulahlekelwe ngunodoli. |

| Amagama okujongisiswa |
|---|
| iBhayibhile |
| ingubo |
| ngaphakathi |
| izulu |

| Izulu linjani ebalini? | |
|---|---|
| A | Belitshisa. |
| B | Bekutshisa, kwabanda laze lana. |
| C | Line imini yonke. |

| Ufike njani uBongi ekhaya? | |
|---|---|
| A | UBongi udlala nomhlobo. |
| B | UBongi ubaleka emvuleni. |
| C | UBongi ulahlekelwe ngunodoli. |

Bhala iimpendulo zale mibuzo.

| Uzive njani uBongi xa efumanisa ukuba unodoli wakhe ulahlekile? |
|---|
| |
| Ukwazi kanjani oko? |
| |
| Umfumene phi unodoli wakhe? |
| |

Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | |
|---|---|---|---|
| kwabanda | imvula | ubherana | unodoli |
| kwanele | imvelo | iBhayibhile | udongwe |
| kokwabo | imvano | ibhotile | ufudumele |

# UTumi uyalahleka



**Masithethe** Jonga imifanekiso uxoxe ngokubonayo kuwo.




**Masifunde**

UBongi noAnn bagcine umntwana wakuloBongi, uTumi. UTumi uneminyaka emine.

UTumi ebedlala noSipoti inja.

UBongi benoAnn babona ukuba ucango luvuliwe. UTumi noSipoti babengekho.



Baphuma bangena esitalatweni bahamba bekhwaza bebiza uTumi.

Babothukile kuba kwakusemalanga.

Babona umama othengisa ukutya ebakhweba. Xa befika ekoneni yesitalato bafumana uTumi noSipoti behleli naye lo mama.

UTumi noSipoti babesitya isonka.




Umhla: ____________



Bhala

Funda ibali uze uphendule imibuzo elandelayo.
Igama lokuqala lempendulo kufanele ukuba liqale ngonobumba omkhulu.
Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.



| |
|---|
| Ngubani obelahlekile? |
| |
| Kutheni uAnn noBongi bothukile nje? |
| Babothukile ngoba |
| Bade bamfumana nini uTumi? |
| UTumi bamfumene |
| Bamfumene phi uTumi? |
| UTumi bamfumene |
| Ubesenzani uTumi ngexesha bemfumana noSipoti? |
| UTumi |



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.



| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| unyaka | hlula | uTumi | wothukile | isonka |
| inyama | hleka | itekisi | uthengile | inkunkuma |
| inyoka | hlala | isitulo | thozama | ivenkile |

**Amagama okujongisiswa**


babothukile
ebakhweba
othengisa



Bhala

Krwela igama elisisenzi kwezi zivakalisi. Bhala igama izolo, namhlanje okanye ngomso, ubonise ukuba oku kufanele ukuba kwenzeke nini.

| | |
|---|---|
| Baza kukhwela xa besiya esikolweni. | Ngomso |
| Usiphekele ukutya. | |
| Siza kutyala imifuno. | |
| Uthetha emnxebeni. | |



# Ukhuseleko lwabantwana





Bhala Zoba umfanekiso obonisa ukuba uTumi ebesenza ntoni ngexesha bemfumana.





Bhala Biyela igama elifanelekileyo.

| |
|---|
| Ndifuna/ndifunana i-ayisikhrimu. |
| Ufuna/ufunana namanzi. |
| Uya/uhambela esikolweni. |

| |
|---|
| Thina/mna besidlala ibhola. |
| Wena/nina ulumkile. |
| Bona/yena bafuna ukuya ekhaya. |



Bhala Nombola ezi zivakalisi ubonise ukuhamba kwebali.

- [ ] Bamfumana uTumi.
- [ ] Baya kukhangela uTumi.
- [ ] UTumi walahleka.
- [ ] UAnn noBongi babejonge uTumi.



# Ipikiniki yomhla wokuzalwa kukatatomkhulu



**Masithethe** Jonga umfanekiso uthethe ngokubonayo kuwo.



**Masifunde**

Yintoni: Lusuku lukaTatomkhulu Lokuzalwa.
Nini: 30 Epreli 2015.
Phi: Epikinikini ePakeni yaseBlue Gum River.
Xesha nini: Ibhasi iza kusuka ngeyure yeshumi ezimpondweni eholwen


Kufuneka uphathe ntoni?

- [ ] Uphathe izinto zakho zokudada.
- [ ] Uphathe ibhola yokudlala.
- [ ] Uphathe isiselo esibandayo.
- [ ] Uphathe inyama yokoja.

Umhla: ____________




Funda ibali uze uphendule imibuzo elandelayo. Igama lokuqala lempendulo kufanele ukuba liqale ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.



| |
|---|
| Yipikinikhi yantoni eza kubakho? |
| |
| Iza kuba phi? |
| |
| Iza kubathatha nini ibhasi? |
| |
| Baza kutya ntoni epikinikhini? |
| |
| Baza kudlala ntoni? |
| |

**Amagama okujongisiswa**

iyure
abahlali
intoni





Hlela la magama uwafake kumakhareji achanekileyo.

grobhoza, iblawuzi, grumba, qhuqha, ipleyiti, ibloko, chuba, iplani, qhuba, cheba



# 28 Amatheko neepikinikhi





Masenzeni oku

Buza abahlobo bakho le mibuzo. Bhala amagama azo uze ubhale impendulo ezantsi kwamagama abo.

| Buza le mibuzo kubahlobo abane. | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Ungubani igama lakho? | | | | |
| Uhlala phi? | | | | |
| Wazalwa nini? | | | | |
| Ngubani umhlobo wakho omkhulu? | | | | |
| Umthandela ntoni lo mhlobo? | | | | |



## Amaxesha



Bhala


Ngowuphi umdlalo owuthandayo? Biyela amagama akwixesha eligqithileyo.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| hamba | yitya | watya | dlala | wadlala |
| sela | wasela | qhuba | waqhuba | wahamba |

Krwela umgca ukungqamanisa amagama akwixesha elidlulileyo kwikholamu epinki nexesha elizayo kwikholamu etyheli.

| Ngomso | | Izolo |
|---|---|---|
| ndiza kusela | | ndihambile |
| ndiza kuqhuba | | ndidlalile |
| ndiza kutya | | ndiqubhile |
| ndiza kudlala | | ndityile |
| ndiza kuhamba | | ndiselile |

Umhla: ____________



**Bhala** Bhala ezi zivakalisi zibe kwixesha elidlulileyo, qala ngegama Izolo.

| |
|---|
| Siza kuya kwatatomkhulu ngomso. |
| Izolo siye kwatatomkhulu. |
| Siza kutya inyama. |
| Izolo |
| Siza kuhamba ngebhasi. |
| Izolo |




**Bhala** Bhala amanani kwezi zintlu zamagama ubonise amagama ngokulandelelana kwe-alfabhethi.

| | |
|---|---|
| 1. | idada |
| 3. | idolo |
| 2. | idama |

| | |
|---|---|
| | isonka |
| | isango |
| | isikere |

| | |
|---|---|
| | inkunzi |
| | inkawu |
| | inkosi |




**Masonwabe**

Bhala isimemo setheko losuku lokuzalwa.


1. Xela ukuba lusuku lukabani.
2. Xela ukuba itheko linini.
3. Xela ukuba liphi itheko.
4. Xela ukuba itheko liza kuqala xesha liphi.

## MIN'EMNANDI

1. Igama: ____________
2. Umhla: ____________
3. Ixesha: ____________
4. Indawo: ____________



Teacher:
Sign:
Date:



**Masithethe** Jonga umfanekiso uthethe ngokubonayo kuwo.



**Masifunde**

## Usuku ebendixakeke ngalo

| | |
|---|---|
| 6.30 | Ndivukile |
| 6.45 | Ndahlamba |
| 7.00 | Ndatya isidlo sakusasa |
| 7.15 | Ndahlamba amazinyo |
| 7.30 | Ndaya esikolweni |
| 8.00 | Ndasebenza ngokuzimisela eklasini |
| 13.00 | Ndaya kudlala |
| 14.00 | Ndatya emini |
| 15.00 | Ndankcenkceshela imifuno egadini |
| 16.00 | Ndenza umsebenzi wesikolo ekhaya |
| 18.30 | Ndatya isidlo sangokuhlwa |
| 19.45 | Ndahlamba amazinyo |
| 19.50 | Ndakama iinwele |
| 20.00 | Ndaya kulala |














Umhla:





Bhala Bhala uxele ukuba wenzeni namhlanje.

| Mvulo | Umhla |
|---|---|
| NgoMvulo ndiza | |
| | |

| Lwesibini | Umhla |
|---|---|
| | |
| | |

| Lwesithathu | Umhla |
|---|---|
| | |
| | |

| Lwesine | Umhla |
|---|---|
| | |
| | |

| Lwesihlanu | Umhla |
|---|---|
| | |
| | |



Masonwabe

Dlalani umdlalo weeleli neenyoka. Jonga emva kwencwadi ibhodi yokudlala.

**IMIGAQO**

Imisiko uya kuyifumana ngasemva encwadini.

- Phosani idayisi nitshintshisane.
- Leliphi inani elime kulo?
- Qhubelani phambili uphawu nibale izithuba ezilingana nenani elivezwe lidayisi.
- Xa ningqalene nokuma phantsi kweleli, khwelani ileli niye phezulu.
- Xa ningqalene nokuma phezu kwenyoka, hambani phezu kwenyoka niye ezantsi emsileni wayo.
- Ofike kuqela kwi-100 nguye ophumeleleyo.






Teacher:
Sign:
Date:

# Ibali likamhakhulu





Masithethe Jonga umfanekiso uthethe ngokubonayo kuwo.





Masifunde

## Kutheni umakhulu esenza iingqayi ezintle nje?

Kudala, ngexesha endandisemtsha njengani, ndandihlala nomama notata emakhaya. Sasineenkomo kunye neegusha ezininzi, kodwa sasihlala kude nabahlobo bethu. Ndandingenamntu endandingadlala naye. Ndandibukela umama esenza iingqayi zomdongwe.

Wayexuba udongwe eluthatha emhlabeni. Wayezibumba iingqayi ngezandla zakhe, aze azibeke elangeni ukuze zome. Kwathi ngenye imini wandivumela ukuba ndibumbe eyam ingqayi. Ndayibumba ngenyameko ingqayi ndayijikajika. Ndavuya kakhulu ndakukwazi ukubumba ingqayi eyeyam.



Umhla:

Ndayibeka elangeni ukuze yome.

Ngobo busuku xa ndandilele yaqalisa ukuna. Ukuvuka kwam kusasa zange ndiyibone ingqayi yam. Yayijike yangamanzi. Into endayifumanayo kuphela ngumzila womhlaba obomvu usiya egadini.

Kwafuneka ndenze enye ingqayi. Ndazama, ndazama. Kwaqala apho ke ukuba ndenze iingqayi ezintle.





Bhala

Funda ibali uze uphendule imibuzo elandelayo. Igama lokuqala lempendulo kufanele ukuba liqale ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.

**Amagama okujongisiswa**

ingqayi
bumba
intlabathi

Ngubani obalisa eli bali?

____________________

Yintoni awayenza ngokungakhathali?

____________________

Kwenzeka ntoni ngengqayi awayeyibumbile?

____________________

____________________

Sisebenza ngamagama

Khangela amagama anezi zandi uze uwabhale kwindawo echanekileyo
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| hl | b | kw | nz |
|---|---|---|---|
| | | | |
| | | | |

INTSAYINO: Gama ________ Umhla ________

# Ibali losapho





**Masenzeni oku**

Dlalani umdlalo ngebali lokubunjwa kwengqayi.



**Bhala**

Landelelanisa ngamanani izivakalisi ezingezantsi ngokulandelelana kwezinto ezenzeka ebalini. Wenzelwe umzekelo.



| | |
|---|---|
| | Laqala ukuna. |
| | Waphatheka kakubi. |
| | Wenza ingqayi entsha. |
| | Ingqayi yajika yaba ngamanzi abomvu. |
| | Wayibeka elangeni ingqayi ukuze yome. |
| 1 | Umakhulu wabumba ingqayi yakhe yokuqala eseyintombazana encinci. |



**Bhala**

Lungiselela ukubhala ibali lakho. Yazisa umhlobo wakho ukuba uza kubhala ngantoni ze ubhale amazwi ebali lakho kwisiqalo salo, kwisiqu nasesiphelweni.





**Lungiselela ukubhala ibali lakho**

**Isiqalo**
Qala utsho ukuba bekunini.

**Isiqu**
Yitsho kwenzekeni.

**Isiqu**
Yitsho ukuba kwenzekeni ebalini.

**Isiphelo**
Liphele njani ibali?





**Masonwabe**

Sika iphepha elilandelayo. Yenza incwadi. Bhala isihloko sencwadi phezu koqweqwe.
Bhala igama lakho ngezantsi kwesihloko ngoba nguwe umbhali.
Zoba umfanekiso eqweqweni. Bhala ibali libe nesiqalo, isiqu nesiphelo.



# Iziqulatho

## Umxholo 3: Ukuhambela iindawo — Ikota 2: Iiveki 1 – 4


**33 Iindawo esinokuzindwendwela 70**

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Funda incwadana yolwazi ufumane iinkcukacha.

Izandi: ndl, ntl, thw,

**34 Siya phi? 72**

Zoba umfanekiso esikipeni uwunxulumanise nendawo ekwimephu yoMzantsi Afrika.

Ulwimi: Bhala amaqamza entetho kwakhona kwimo yentetho ngqo usebenzise iimpawu zocaphulo.

Masithethe: Yiba nodliwano-ndlebe nabahlobo bakho abali-10 ubabuze ukuba bangathanda ukuya kweziphi iindawo. Bhala iimpendulo kwitheyibhile.

Umboniso obonwayo: Zoba itshathi ufake umbala eblokweni kwixesha ngalinye besithi "ewe".

**35 INtab' etafile 74**

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Funda inqaku lephephandaba. Gxila kwisihloko, umhla nasemifanekisweni.

Izandi: nqw, ndw

Izandi: Amagama anemvanosiphelo

**36 Ukubhala iphephandaba 76**

Ulwimi: Biyela izihlomelo zendawo. Biyela izenzi ezikwixesha elidlulileyo/ eladlulayo.

Tshatisa amagama akwixesha langoku nakwixesha eladlulayo.

Ulwimi: Bhala izivakalisi zibe kwixesha elidlulileyo.

Masithethe: Thetha ngephephandaba. Thetha ngezakho iindaba zasekhaya nezasesikolweni.

Lungiselela ukubhala inqaku lephephandaba.

Masibhale: Bhala inqaku.

**37 Jonga zonke ezi ntlanzi 78**

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Funda ipowusta uze uphendule imibuzo esekelwe kuyo.

Izandi: khw, nts, ntw, ngw, nkw

**38 Indawo yezilwanyana zasemanzini 80**

Masithethe: Xoxa ngepowusta engeakhwariyamu

Ulwimi: Biyela izichazi

Masibhale: Bhala inkcazelo ngawe usebenzise izichazi

Masibhale: Yenza ipowusta uchaze inja elahlekileyo. Nika inkcazelo ecacileyo yenja ukuze abantu bakwazi ukuyibona. Fakela izichazi.

**39 EPilansberg 82**

Masithethe: Jonga imifanekiso uze uqikelele iindaba ezichazwa ngumfundi weendaba.

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Funda Ingxelo yeeNdaba uze uphendule imibuzo esekelwe kuyo.

Izandi: xh, x, gx, nc, kw

Ulwimi: Tshatisa izenzi ezikwixesha langoku nezexesha eladlulayo.

**40 Ukufunda iindaba 84**

Masithethe: Yenza ngathi ungumfundi weendaba zeTV uze uxele iindaba.

Ulwimi: Bhala izivakalisi ezikwixesha langoku. Zibhale ke ngoku kwixesha elizayo.

Guqula amaqamza entetho abe kwintetho ngqo usebenzise iimpawu zocaphulo.

Sebenzisa imifanekiso: Jonga imifanekiso yendlovu esela amanzi. Chazela umhlobo wakho okubonayo.

**41 Ipaka yeeNdlovu yase-Addo (Addo Elephant Park) 86**

Ukufunda novavanyo lokuqonda: (umbhalo wedayari)

Izandi: nw, gq, nq, tsh.

Ulwimi: Tshatisa izenzi ezikwixesha langoku nezexesha elidlulileyo.

**42 Ndilungiselela iveki yam 88**

Masithethe: Yenza umdlalo ulinganise ibali.

Ulwimi: Tshatisa iinxalenye zesivakalisi ukuze wakhe izivakalisi ezimbaxa ngokusebenzisa ezi zihlanganisi "ukuba – ngoko ke".

Masibhale: Bhala oza kwenza kule veki kwidayari yeveki. (Ixesha elizayo).

Masifunde: Funda idayari yeveki yomhlobo wakho.

**43 EGold Reef City 90**

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Funda icwecwe leposi uze uphendule imibuzo.

Izandi: Funa amagama akwikhadi leposi anezi zandi uze uwabiyele: mbh, mny, mg, ms.

Ulwimi: Fakela u-ty, g, khw, mb, okanye s kula magama uwanikiweyo ukuze ahambelane nemifanekiso.

**44 Kumnandi eGold Reef City 92**

Ulwimi: Hlanganisa izivakalisi usebenzise izihlanganisi – ngoko ke, kuba nokodwa.

Ulwimi: Khetha uze ubiyele isichazi ukuze wenze isivakalisi sibenomdla.

Masibhale: Chaza umntu okanye indawo oyithandayo usebenzise izichazi.

Masibhale: Bhala amakhadi eposi uwathumele kubahlobo bakho ababini. Chaza uhambo ngebhasi.

**45 Sibuyela ekhaya 94**

Ukufunda novavanyo lokuqonda: Ibali

Ulwimi: Sebenzisa amagama achazayo

Izandi: -yo, -ile, ny, mb, fl

**46 Malunga nohambo lwethu 96**

Masithethe: Thetha nomhlobo wakho ngeendidi ezimbini zothutho

Gqibezela izivakalisi ngokutshatisa iinxalenye ezimbini.

Masibhale: Zoba umfanekiso uze ubhale inkcazelo yawo.

Masonwabe: Tshatisa le mifanekiso nesilwanyana esichanekileyo.

**47 Masibhale ibali 98**

Masithethe: Sebenzisa amakhadi ukuze uqikelele ukuba lingantoni na ibali

Masifunde: Ukufunda kunye (ibali)

Umsebenzi wovavanyo lokuqonda

Chaza iinkcukacha ezingundoqo kokufundiweyo

Izandi: rh, nx, j, ndl

Ulwimi: Biyela umabizwafane ochanekileyo.

**48 Ndibhala ezam iindaba 100**

Masibhale: Cwangcisa ibali elinesiqalo, isiqu nesiphelo.

Masibhale: Bhala incwadi yebali usebenzise umzekelo womsiko. Ibali lakho malibe nesiqalo, isiqu nesiphelo.






# 33 Iindawo esinokuzindwendwela



Masifunde

### ENtshona - Koloni

Ndwendwela iNtab' etafile. Nyuka ngenqwelo ehamba ngekheyibhuli emoyeni. Yiba nepikinikhi yakho phezulu entabeni. Bona ookrebe, izinja zolwandle kunye neentlanzi kwindawo yezilwanyana zasemanzini.



### EGauteng

Yiza uzonwabise eGold Reef City. Yehla uye emazantsi emayini yegolide uphinde ukhwele ujikajika.

Bona neSoccer City.



### EMntla - Ntshona

Yiza ePilanesburg Game Reserve. Uza kukhwela indlovu. Uza kubona iindlulamthi, neengonyama. Ungathatha imifanekiso yezilwanyana ngokuthanda kwakho.



### KwaZulu - Natal


Xa undwendwele eUShaka Marine uza kubona amahlengesi edlala ibhola ekhatywayo noonombombiya bedanisa. Izinja zolwandle ziphakamisa ibhola ngeempumlo. Ukuba unesibindi, ungangena uqubhe nookrebe.



### ELimpopo

Ndwendwela ihlathi elikhulu elibizwa ngokuba liHlathi LeMvula. Uza kubona ezona zityalo zakhe zazikhulu neyona mithi yakhe yamide.

Ukhumbule ukuza nedyasi yemvula kunye nesambreli.



### EMntla Koloni

Yiza eKhimbali uza kubona uMgodi omkhulukazi nobanzi kakhulu emhlabeni wonke.

Ungonwabela nokutya kwakho kwindawo yepikinikhi ekufutshane nalo Mgodi umkhulukazi.



### EMpumalanga

Zinike ixesha uye eKruger National Park. Izilwanyana ezikhulukazi ezihlanu zikhona kule Paki. Kukho iingonyama, amahlosi, iindlovu, imikhombe kunye neenyathi. Ungazenzela ipikinikhi apho unokutya ezindaweni ezikude nezilwanyana zasendle.



### EFreysitathi

Ndwendwela iSandfontein Park. Uza kubona imikhombe, iindlulamthi neencanda.

Uvumelekile ukuba uqubhe edamini lakhona.



### EMpuma - Koloni

I-Addo Elephant Park ineendlovu ezininzi. Zama ukuzibona zonke. Kulwandle olukufutshane uza kubona ookrebe abamhlophe.



Umhla: ______



## Ixesha elizayo



**Bhala**

Funda eli phetshana, uphendule imibuzo. Khumbula ukuqala isivakalisi ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.

| |
|---|
| Loluphi uhambo ongaluthathayo wena? Ngoba? |
| |
| |
| Abantu baye babone ntoni eNtshona Koloni? |
| Baye babone |
| Yintoni abayibona KwaZulu-Natal? |
| Babona |
| |





**Sisebenza ngamagama**

Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | |
|---|---|---|---|
| indlela | indlu | indlovu | indlulamthi |
| intlungu | intloko | intlama | entle |
| thwasa | uthwele | umthwa | isithwalandwe |



**Bhala**

Biyela amagama anesandi u-f.



| | | | |
|---|---|---|---|
| kufanele | faka | ifama | itafile |
| ilifu | ifesitile | inja | isifundo |
| ifokotho | ekhaya | isango | unyawo |
| inile | ucango | ufudo | incwadi |

# Siya phi?





Masithethe

Thetha nomhlobo wakho mayela nokuba ufuna ukundwendwela phi uyokubona ntoni.



Masenzeni oku

Zoba umfanekiso esikipeni ubonise ukuba uza kubona ntoni. Beka emephini uphawu kwiphondo oza kuya kulo.








Bhala

Faka iikoma kwezi zivakalisi uze uxelele umhlobo wakho ukuba zingaphi izinto ezikhoyo kuluhlu ngalunye.

**Iikoma**

Uza kubona iingonyama ☐ iindlovu ☐ iinyathi neendlulamthi.

Ungayitya inyama ☐ imifuno ☐ isonka kunye neekeyiki.

Uza kubona amahlengesi ☐ oonombombiya ☐ ookrebe kunye nemikhombe.






Bhala

Sebenzisa iimpawu zentetho ngqo ubonise ukuba aba bantwana bathini.

UJabu uthi, " ______________________________

______________________________ ."



Ndifuna ukubona izilwanyana ezikhulu ezihlanu.

UAnn uthi, "

."



Andifuni ukuwubona umgodi omkhulukazi.

USam uthi, "

."



Ndingayinyuka intaba ndihamba ngesitulo sabakhubazekileyo?


ULebo ubuza uthi, "


."



Masonwabe

Ncokola nabahlobo abali-10 uve ukuba bafuna ukuya phi. Buza uthi, "Ungathanda ukuya kuyibona iNtab' etafile? Ungathanda ukuya eAddo Elephant Park?" Faka umbala ebhokisini xa umhlobo esithi ewe. Qala emazantsi etheyibhile. Itheyibhie yakho kufuneka ikhangeleke ngolu hlobo.




Teacher:
Sign:
Date:

# INtab' etafile





Masithethe Jonga iphephandaba uthethe ngokubonayo.

Jonga ukuba abantwana babhale ntoni kwiphephandaba leklasi. Masifunde



## Iindaba eziphambili zesikolo





### Iklasi iyakhula

16 Juni 2015

Wonke umntu uzonwabise ngokunyuka iNtab' etafile. Bekubanda entabeni ngoko ke kuye kwafuneka ukuba sinxibe iibhatyi neminqwazi. Indoda enobuntu isincedisile ukukhwelisa isitulo sikaLebo kwinqwelo ehamba ngekheyibhuli. Iqale ngokumqhelisa kuthi ngoba nguye yedwa okhubazekileyo. Xa sisemoyeni enqweleni sabona iimbila ezincinane. Zifana nemivundla etyebileyo. Inqwelo yekheyibhuli yathatha imizuzu emihlanu kuphela ukufika phezulu entabeni. Kwakukho umoya ohlabayo.

Sithathe imifanekiso xa sifika phezulu. Intaba ibithe tyaba ngaphezulu ngathi yitafile.

Xa siphezulu entabeni uBonile wawa ngedolo phantsi. Zange alimale.

Sathi sakubuyela ezantsi kwakhona, sandwendwela indawo yezilwanyana zasemanzini ebizwa ngokuba yi-Two Oceans Aquarium. Sabona izilwanyana zasemanzini. Sabona iintlanzi, ookrebe, kunye nofudo lwasemanzini.

Umhla: ____________





**Bhala** Funda ezi ndaba uphendule imibuzo. Khumbula ukuqala isivakalisi ngonobumba omkhulu usigqibezele ngesingxi.

| |
|---|
| Kubathathe ixesha elingakanani ukufikelela phezulu entabeni? |
| |
| Kutheni bebenxibe iibhatyi neminqwazi efudumeleyo nje? |
| Kungoba |
| Kutheni le ntaba ibizwa ngokuba yiNtaba yeTafile nje? |
| Kungoba |
| Kwenzeka ntoni kuBonani? |
| |
| Ingaba sifanelekile isihloko sezi ndaba? Kutheni usitsho njalo nje? |
| |







**Sisebenza ngamagama** Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | |
|---|---|---|---|
| inqwelo | unqweme | iminqwazi | inqwaba |
| undwendwe | undwebile | ndwayana | indwangu |



**Bhala** Ngawaphi amagama angafaniyo nala akwibhokisi yokuqala?

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| dlisa | hloma | indlu | yidla | dlula | indlovu |
| hlaba | ihlahla | idladla | intlahla | ilihlo | dlala |
| shwabula | uswazi | intswelo | ilishwa | shumayela | ishushu |
| imizwilili | swela | ilizwe | ilizwi | uzwane | hlanjwa |

# Ukubhala iphephandaba





Bhala

Krwela umgca phantsi kwamagama abonisa ukuba izinto ziphi kwezi zivakalisi. Jonga umzekelo.

| |
|---|
| Abantwana babedlala phezulu entabeni. |
| Babona inyoka ngaphantsi kwamatye. |
| Indoda yabeka isitulo phakathi enqwelweni yasemgodini. |
| Usiba lwam lokubhala lwalusebhegini yam. |

Amagama asixelela ukuba izinto ziphi abizwa ngokuba zizalathandawo.





Bhala

Biyela onke amagama akwixesha elidluleyo.
Krwela umgca ungqamanise ixesha langoku nelidluleyo.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| baleka | hamba | bhala | phumla | sina |
| cula | thetha | dlala | bukela | betha |
| bethile | usine | balekile | dlalile | phumle |
| ucule | hambile | bukele | thethile | bhale |

Bhala ezi zivakalisi, uqale ngegama elithi izolo.

| |
|---|
| Ndiyadlala. |
| Izolo |
| Ndiyahamba. |
| Izolo |
| Ndiyathetha. |
| Izolo |
| Babukele umabonakude. |
| Izolo |

# Jonga zonke ezi ntlanzi





Masithethe


Jonga umfanekiso wale ndawo yezilwanyana zasemanzini, iakhwariyam, uze ujonge ipowusta. Iakhwariyam yindawo yezilwanyana zasemanzini enamawakawaka eentlanzi.




**Iakhwariyam** yindawo yezilwanyana zasemanzini enamawakawaka eentlanzi. Le ndawo ikholisa ukundwendwelwa ngabantu abazokubona iintlanzi.


## Ndwendwela indawo yezilwanyana zasemanzini/iakhwariyam






Yiza ekhayeni elikhulu leentlanzi.
Sineentlanzi ezininzi ezibekwe ndawonye.
Jonga ingwane, intlanzi eyinkwenkwezi, ufudo lwamanzi kunye nookrebe. Izinja zaselwandle kunye namahlengesi ziyahlekisa. Yiza ngexesha lesidlo sasemini uzokubona ookrebe xa betyiswa.







Kuvulwa ngentsimbi ye-9
Kuvalwa ngentsimbi yesi-5

Abadala li-RIO
Abafundi ababhatali.
Bangena mahala

Umhla: ____________





**Bhala**

Funda ipowusta uze uphendule imibuzo. Khumbula ukuqala isivakalisi ngonobumba omkhulu uze usigqibezele ngesingxi.

| |
|---|
| Kukho ntoni ekhwariyam? |
| |
| Ivula nini indawo yezilwanyana zasemanzini? |
| |
| Ivala nini? |
| |
| Babhatala malini abantu abadala xa bengena eAkhwariyam? |
| |
| Babhatala malini abantwana xa bengena eAkhwariyam? |
| |



**Sisebenza ngamagama**

Funda la magama umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | |
|---|---|---|
| khwalo | intsimbi | umntwana |
| khwaza | intsimi | intwala |
| iakhwariyamu | intsara | intwaso |

**Ibhokisi yamagama**

amanye
imvelo
imvume


| | |
|---|---|
| ingwane | inkwenkwe |
| ingwevu | inkwenkwezi |
| ingwenya | inkwamba |



INTSAYINO: Gama ____________ Umhla ____________


# 38 Indawo yezilwanyana zasemanzini





Masithethe

Ncokola nomhlobo wakho ngepowusta ekwiphepha elingaphambili.
Isixelela ntoni le powusta?
Ngoobani abangathanda ukuyifunda le powusta? Ngabantwana okanye ngabantu abadala? Ngoba?
Zeziphi ezinye iipowusta okhe wazibona? Loluphi olunye ulwazi olufumaneka kwiipowusta?






Bhala

Biyela igama elichazayo kwisivakalisi ngasinye. Usenzelwe esokuqala.

## Izichazi

| |
|---|
| Intlanzi encinane yasibaleka |
| Wasijonga ukrebe omkhulu etsho ngamazinyo abukhali. |
| Kwadlula iintlanzi ezibizwa ngokuba ziijeli. |
| Kwathi phuhlu ngaphandle kwamanzi ihlengesi elinesikhumba esimtybilizi. |
| Izinja zolwandle zaphakamisa iibhola ngeempumlo zazo ezinde. |





Bhala

Chaza ukuba ukhangeleka njani wena ngomzimba. Umde okanye umfutshane? Umkhulu okanye umncinane?




Umhla:




Ilahlekile le nja. Xelela umhlobo wakho ukuba injani le nja.
Yenza ipowusta echaza ukuba injani inja ukuze ifunwe
Xela ukuba ikhangeleka njani, iziva njani nokuba yenza ingxolo enjani.
Yithiye igama. Xela ukuba bafowunele bani xa benokuyifumana.

# INJA ELAHLEKILEYO



Ikhangeleka

Yenza ingxolo enjani

Igama layo

Xa uyifumana, ndicela ufowunele u...
(Bhala igama lakho)

Inombolo yam

Xa uyifumana inja yam, ndicela uyizise kule dilesi.
(Bhala idilesi yakho)

Teacher:
Sign:
Date:

# EPilansberg





Masithethe


Jonga umfanekiso womsasazi weendaba uze uxoxe ngeendaba ocinga ukuba uza kuzifunda.





Masifunde

Ezi ziindaba ezichaphazela iPilanesberg National Park. iindaba zangoLwesibini ngomhla we-16 kuJuni.



Izolo iqela labantwana besikolo lifike ePilanesburg Game Reserve ngebhasi laze lachazelwa ngendawo yonke.

Bebezokubona iindlovu, imikhombe kunye nezinye izilwanyana zasendle.

Babone iindlovu zisilwa ngemiboko yazo.

Ngexesha uJimi ezibukele zisela, ubone isele eliluhlaza elincinci. Uzame ukulibamba, watyibilika wawa wasikeka engalweni.

Utitshala wakhe umse eklinikhi.

UJimi uthe esafaka isandla epokothweni kwaphuma eli sele lincinci.

Umhla: ______________



**Bhala** Funda iphephandaba uphendule imibuzo. Khumbula ukuqala isivakalisi ngonobumba omkhulu uze usigqibezele ngesingxi.

| Babeye ngowuphi umhla abantwana ePilansburg Game Reserve? |
|---|
| |
| **Chaza iziganeko ezakhokelela ekubeni uJim aye eklinikhi.** |
| Okokuqala wa |
| Waza wa |
| Okokugqibela wa |



**Sisebenza ngamagama** Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ixhego | ixesha | igxamesi | elincinci | kwaza |
| uxhongo | ixolo | isigxumgxum | ncama | kwaya |
| umxholo | xuba | gxeka | ncuma | kwaba |

**Bhala** Biyela onke amagama akwixesha elidlulileyo. Krwela ke ngoku umgca ongqamanisa amagama akwixesha elidlulileyo namagama akwixesha langoku.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| wafumana | wazama | tyibilika | wabona | wajonga |
| weza | wathetha | wathatha | buka | thatha |
| fumana | yiza | bona | jonga | zama |
| watyibilika | wabuka | wabuza | thetha | buza |

# Ukufunda iindaba



**Masenzeni oku**

Bhala iindaba ngokuba kwenzeke ntoni izolo. Yenza ngokungathi uvela kwumabonakude ezindabeni, uze ufunde iindaba bemamele bonke.



## Amaxesha

**Bhala** Bhala ezi zivakalisi zibe kwixeha elidlulileyo. Zibhale zibe kwixesha elizayo

| |
|---|
| Ndiya esikolweni. |
| Izolo |
| Ngomso |
| Usela amayeza akhe. |
| Izolo |
| Ngomso |
| Sibukela umabonakude. |
| Izolo si |
| Ngomso |



**Bhala** Sebenzisa okuthethiweyo ubonise ukuba bathini.




UAnn uthe, " ______________________________

______________________________ ."



Siya ebhasini.

UPieter uthe, " ."

UJabu uthe, " ."

Bafike emva kwexesha lesikolo.



Ungumhlobo wam omkhulu.



UBongi uthe, " ."




Masonwabe

Jonga lo mfanekiso wendlovu isela amanzi.
Xelela umhlobo wakho ukuba ubona ntoni.





**Iwasela kanjani amanzi indlovu?**
Isebenzisa umboko njengombhobho wokusela.
Isela amanzi anyuke ngomboko.
Iyawugoba iwufake emlonyeni.
Ekugqibeleni igalela amanzi emlonyeni wayo.



Teacher:
Sign:
Date:

# 41 Ipaka yeeNdlovu yase-Addo (Addo Elephant Park)



**Masithethe** Jonga le mifanekiso uthethe ngokubonayo.





**Masifunde** Funda idayari kaBonile ethetha ngohambo lwaseAddo Elephant Park.



Dayari ethandekayo 14 Meyi 2015

Namhlanje ibiyimini emnandi kum. Bendigqiba unyaka wethoba, utitshala uhambe nathi sayokubona iAddo Elephant Park! Besonwabe sonke nabahlobo bam, uJabu noMimi. Sibone iindlovu ezininzi. Bekukho ezinkulu ezinezinto ezinde ezifana neempondo. Bekukho enye ebinophondo olunye. Olunye balunqumla bayokurhweba ngalo. Bekukho nengumntwana. Intle. Sithe xa simisa sisitya, ndakhulula izihlangu kuba bekutshisa. Kwafika inkawu yathatha isihlangu esinye. Enye ikwenkwe ithe iyayileqa yasuka yayishiya yancama. Ndibuyele ekhaya sendiphethe isihlangu esinye. Ndivuyile xa ndifika ekhaya. Ndifike ndatya ikeyiki.



Umhla:



Bhala

Funda idayari uphendule imibuzo. Khumbula ukuqala isivakalisi ngonobumba omkhulu uze ugqibezele ngesingxi.

Bebephi abantwana?

Abantwana

Ulahlekelwe yintoni uBonile epakini?

Ulahlekelwe

Uyilahle njani le nto uBonile? Ithathwe ngubani?

Kwenzeke ntoni embokweni wendlovu?

Kukho othathe

Wonwatyiswa yintoni uBonile akufika ekhaya?

Wonwatyiswa





Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | |
|---|---|---|---|
| unwele | gqi | nqumla | utitshala |
| wonwabile | gqitha | nquma | iyatshisa |
| unwabu | gqebha | uyonqena | itshefu |

**Ibhokisi yamagama**

nqumla
rhweba
neempondo



Bhala

Krwela umgca ungqamanise ixesha elidluleyo nelangoku.

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| sizile | sajonga | wayebe | injalo | sabona | sema | saya |



| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| jonga | sibona | ibinjalo | siya | siyeza | uyeba | simile |

# Ndilungiselela iveki yam





Masenzeni oku

Linganisani okwenzeke kuBonile eAddo Elephant Park. Omnye makabe yinkawu.





Bhala

Ngqamanisa amagama akuluhlu olusekhohlo nalawo akuluhlu olusekunene wakhe izivakalisi.

| | |
|---|---|
| Xa ushiya izihlangu zakho emlanjeni | Uza kuzitshisa. |
| Xa usenza umsebenzi wakho wesikolo | Uza kufika ngexesha esikolweni. |
| Xa ulala kwangoko | Inkawu iza kuziba. |
| Xa udlala ngomlilo | Utitshala wakho uza kukuncoma. |



Bhala

Bhala phantsi izinto oza kuzenza kule veki. Tshintshiselani ngeencwadi nomhlobo wakho nijonge ukuba ingaba kukho iintsuku enenza ngazo into efanayo na.

IDAYARI

| Igama lam | | Inyanga |
|---|---|---|
| Umhla wenyanga | Umhla weveki | Endiza kwenza |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |

# EGold Reef City





Masithethe

Jonga eli khadi uze uthethe ngokubonayo.



Dumi endimthandayo

Ndiyathemba ukuba uza kulithanda eli khadi ndikubhalele lona. Ndilithenge ngexesha besiseGold Reef City eRhawutini.

Siye khona ngemoto, futhi uyazi ukuba imigaqo yakhona injani ukuphithizela. Sibone iSoccer City. Libala elikhulu kakhulu. Lingathatha abantu aba-90000 ukuze ibhola yombhoxo ibukelwe ngabantu abaninzi nyhani.

EGold Reef City basingenise kwimayini emnyama enomgodi omde. Bekumnyama apho ndade ndasebenzisa itotshi yam ukuze ndikwazi ukubona. Sisuke apho saya kukhwela unojikeleza. Yhoo! ndiye ndakhala kakhulu kuba usuke lo nojikeleza wabaleka kakhulu ndaze ndoyika.

Ndinqwenela ukuba uhambe nathi kwixesha elizayo.

Umzala wakho

Bongi




Dumi Makhanya
12 Steve Biko Rd
Soweto
South Africa
3219



**Bhala** Funda eli khadi uphendule imibuzo. Khumbula ukuqala isivakalisi ngonobumba omkhulu uze usigqibezele ngesingxi.

Ubhalela bani uBongi?

Ebeye phi uBongi?

Ubone ntoni ezimbini uBongi?

Bekunjani ngaphantsi emgodini?

Ulibhale nini ikhadi uBongi?

Ingabe belumnandi uhambo lukaBongi? Kutheni usitsho nje?

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | |
|---|---|---|---|
| umbhobho | umnyama | umgodi | bayamsola |
| umbhem | umnyango | umgotywa | bamsasaza |
| umbhiyozo | umnyele | umgibe | bamsusile |

**Bhala** Fakela ezi zandi kula magama uwanikiweyo ukuze ahambelane nemifanekiso: ty, g, khw, mb, s

|  |  |  |  |  |
|---|---|---|---|---|
| ____aza | um_aqo | i__ikolo | umla__o | ikomi__i |

# Kumnadi eGold Reef City






Ngqamanisa amagama akuluhlu olusekhohlo kunye namagama afanelekileyo akuluhlu olusekunene wakhe isivakalisi.



| | |
|---|---|
| Ingxolo ndiyenze kuba | sasebenzisa ithotshi. |
| Indlela ebekumnyama ngayo | bekungabandi. |
| Belisina lona kodwa | unojikeleza usuke wabaleka kakhulu. |




Funda ikhadi uze ugqibezele izivakalisi ezilandelayo. Sebenzisa la magama.

elikhulu  ezininzi  enemibala  omnyama  etshonayo

ISoccer City libala ______________________________.

Sakhwela unojikeleza onezitulo ______________________________.

Sangena emgodini ______________________________.




Khetha ubiyele igama elipinki okanye elizuba ulungise ezi zivakalisi. La ngamagama achaza abantu okanye izinto.



| |
|---|
| Utitshala onobubele/odelelayo uthethe nentombazana esileyo/ehlakaniphileyo. |
| Imoto enkulu/encinci ibihamba emgaqweni othulileyo/ophithizelayo. |
| Indoda ebhityileyo/etyebileyo ibifuna ukubamba ihagu encinci/enkulu. |
| Intombazana entle/embi ingene endlwini engcolileyo/ecocekileyo. |
| Igadi elungisiweyo/engalungiswanga inezityalo ezifileyo/eziphilayo. |

# 45 Sibuyela ekhaya



Masithethe Jonga lo mfanekiso uze uxoxe ngokubonayo.

Masifunde



## Sahamba sabuyela emva ekhaya.

UJabu nabahlobo bakhe babuyele emva ekhaya ngeuloliwe ende. Ibihamba kancinci ijikajika, kodwa xa isehla ibibaleka. Ukuhamba kwayo kancinci kusozelisile. Sizibone sesilele sonke.






UBongi nabahlobo bakhe babuyele ekhaya ngeGautrain. UNksk. Zitha ibinguye umqhubi. Le ibiyiuloliwe engwevu emfutshane. Yona ke ibinesantya esiphezulu nyhani kunenye le. UBongi uthi kumonwabisile ukuhamba ngeuloliwe, ebenoluya lukaBlankethe.

UBonile nabahlobo bakhe babuye ngebhasi emthubi. Umgaqo ubunamatye, ibhasi ibetheka ematyeni. Ngelinye ixesha ixhume kakhulu ngelinye kancinci. Sehlike sidiniwe ngenxa yamatye emgaqweni.





Abanye bethu babuyele emva emakhaya ngenqwelo yeedonki. Ibibomvu ngombala. Ibihamba kancinci amavili entswiniza. Sijvuyile kodwa ukuhamba sibona iintyatyambo nemithi eluhlaza njengokuba besihamba sicotha okonwabu.

# Malunga nohambo lwethu



**Masithethe**

Xoxa nomhlobo wakho ngeendidi zezithuthi. Zifana njani izithuthi? Zahluke njani?





**Bhala**

Ngqamanisa amagama asebhokisini epinki namagama asebhokisini emthubi ukuze wakhe isivakalisi.

| | |
|---|---|
| Ululiwe ende | ibihamba kakubi endleleni enamatye. |
| IGautrain ibimfutshane ingwevu | amavili ebetswiniza endleleni. |
| Inqwelo yeedonki ebomvu | ibaleka kakhulu. |
| Ibhasi etyheli. | besihamba kancinci xa sijika egopheni. |

**Bhala**

Zoba umfanekiso wesilwanyana okanye wesithuthi.
Emva koko bhala izivakalisi ezibini ezichaza umfanekiso.

Umhla:



Masonwabe

Zezikabani ezi zinto? Chaza ukuba zinjani, uze ungqamanise amagama nemifanekiso efanelekileyo.



| |
|---|
| ingwe |
| indlovu |
| ingonyama |
| indlulamthi |
| umkhombe |
| iqwarhashe |
| ihlengesi |
| ingwane |
| iintlanzi |
| imbila |
| unombombiya |
| inja yaselwandle |



Teacher:
Sign:
Date:

# Masibhale ibali






Masithethe

Jonga umfanekiso uxoxe ngokubonayo.











Masifunde

## Isiqalo

Ndime ngasemlanjeni ndabukela iindlovu zisela amanzi.
Ezinye iindlovu ezimbini bezisilwa ngemiboko.


## Isiqu

Ndibone isele elincinci eliluhlaza.
Ndivele ndalisukela elo sele.

Ndithe ndibaleka ndilisukela njalo suka ndatyibilika ndawela emseleni.
Ndisikeke isandla ndabona sesisopha.

## Isiphelo

Utitshala undise kugqirha.
Ugqirha ulithungile inxeba wandifaka isilinge.






Bhala

Funda eli bali uze uphendule imibuzo. Khumbula ukuqala isivakalisi ngonobumba omkhulu uze usigqibezele ngesingxi.

Wenzani uJimi ekuqaleni kwebali?

Uzilimaze njani uJimi?

Umenzeni uJimi uggirha?



Ucinga ukuba uJimi kumphathe njani ukuya kuggirha?


Sesiphi isihloko esifanelekileyo seli bali?



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | |
|---|---|---|---|
| uggirha | inxeba | ujikile | isandla |
| irhumsha | unxano | ujamile | indlovu |
| irhamba | inxili | ujongile | amandla |





Bhala

| | | |
|---|---|---|
| Biyela okutyiwayo. | umnyama | inyama |
| Biyela okuxela umbala. | okuluhlaza | okulihlazo |
| Biyela okungatyiwayo. | ipatheni | ipere |







# Iziqulatho

## Umxholo 4: Okusingqongileyo — Ikota 2: Iiveki 5–8


**49 Ingonyama nempuku** *104*

Ukufunda novavanyo lokuqonda (ibali)
Masibhale: Uvavanyo lokuqonda oluneempendulo ezininzi ezikhethisayo
Masithethe: Sika oopopayi beminwe uze ubasebenzise ekubaliseni ibali lengonyama nempuku.

**50 Ingonyama enkulu nempuku encinci** *106*

Ulwimi: Guqula amaqamza entetho abe kwintetho ngqo.
Izandi: Amagama aphela ngokufanayo –ile.
Ulwimi: Izichasi
Ulwimi: Iziphumlisi.
Masibhale: Bhalela umntu owakhe wakunceda ikhadi lombulelo.

**51 Umvundla nofudo** *108*

Ukufunda novavanyo lokuqonda (ibali)
Ulwimi: Bhala izivakalisi ubonise iintsingiselo ezahlukeneyo zoomabizwafane.

**52 Masikhuphisane** *110*

Masithethe: Thetha ngamaqhina anikiweyo
Masibhale: Bhala izivakalisi ubonise okwenzeke ekuqaleni, esiqwini nasekupheleni kwebali lomvundla nofudo.
Ulwimi: Bhala izifinyezo ngokupheleleyo.
Masonwabe (umdlalo webhodi)

**53 Ilanga kunye nomoya** *112*

Ukufunda novavanyo lokuqonda: (Ibali)
Izandi: y, qh, ty, ndl

**54 Ukhuphiswano olukhulu** *114*

Masithethe: Zenzele umdlalo webali elingelanga nomoya. Kuya kwenzeka ntoni xa ibali linokuba nomoya nemvula.
Ulwimi: Biyela izenzi.
Masibhale: Bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye. (imo yokusaqhubekayo)
Chaza imifanekiso ebonisa izigaba zenyanga.
Zoba inyanga ngoMvulo ngamnye kule nyanga uze uxele ukuba ikwesiphi isigaba.

**55 UBongi ukhwela ibhayisekile** *116*

Ukufunda novavanyo lokuqonda: (ibali)
Izandi: nts, gq, ntsh

**56 UBongi ukhwela ibhayisekile** *118*

Masithethe: Yila umdlalo weli bali.
Ulwimi: Tshatisa izichazi nezibizo.
Ulwimi: Bhala izivakalisi zibe kwixesha elidlulileyo ziqale ngo-Izolo.
Ulwimi: Fakela u-ka- ubonise isimnini.
Umdlalo: Funda okuthethwe nguBongi no-Ann uze ubhale inani elichanekileyo kwindawo nganye emephini. (Intelekelelo nemifanekiso)

**57 UBongi uyacoca** *120*

Ukufunda novavanyo lokuqonda: (ibali nepowusta)
Izandi: ngc, nkx, gq.
Ulwim : izichazi

**58 Siyacoca** *122*

Masithethe: Xoxani ngendlela eninokusicoca ngayo isikolo senu.
Masibhale: Bhala umhlathi ngesikolo sakho.
Ulwimi: Faka izichazi ezishiyiweyo. Bhala isakhi “ka-” phambi kwesibizo ubonise isimnini.
Masibhale: Yenza ipowusta umeme abantwana bazokuncedisa ekucoceni isikolo.

**59 Ukuntywila elwandle** *124*

Ukufunda novavanyo lokuqonda: (ibali)

**60 Ngaphantsi kolwandle** *126*

Masithethe: Yenza umdlalo ulinganise ibali.
Sisebenza ngamagama: kh ng ntyw, nc
Masibhale: Gqibezela ibali. ..
Masithethe: Thetha ngemifanekiso uze uxelele umhlobo wakho ukuba kutheni into nganye ifuneka.

**61 Ilizwe leembovane** *128*

Ukufunda novavanyo lokuqonda: (isicatshulwa esinolwazi)
Izandi: Hlahlela amagama ngokwamalungu.
Izandi: Iziqhakankcu c, gc.

**62 Okunye ngeembovane** *130*

Chaza umfanekiso
Ulwimi: Bhala izivakalisi kwixesha elidlulileyo ziqale ngo-Izolo
Sisebenza ngamagama: Biyela oomabizwafane.
Ulwimi: Izivumelanisi
Masonwabe: Zoba iimbuso ubonise iimvakalelo ukonwaba, umsindo, ukuba lusizi nokumangaliswa.

**63 Siyafunda** *132*

Masifunde: Xoxa ngamabali
Sisebenza ngamagama: Hlahlela amagama ngokwamalungu.

**64 Masibhale ibali** *134*

Masithethe: Thetha ngabalinganiswa abasebalini. Xela eyona nto uyithandileyo ngebali.
Masibhale: Bhala incwadi yebali usebenzise umzekelo womsiko.

**Isichazi-magama sam** *137*






# 49 Ingonyama nempuku

Masithethe

Umakhulu kaNomsa ubalisa ibali alithandayo. Jonga imifanekiso utsho ukuba ucinga ukuba ibali lingantoni.

Masifunde



## Ingonyama enkulu nempukwana encinci

Ngenye imini impukwana encinci yavusa ngempazamo ingonyama eleleyo. Ingonyama yagquma yathi, "Mna ndivuswe yintwana yempuku. Ndiza kuyitya njengamashwamshwam."

Wathiyisela umsila wempuku ngokuwubophelela phantsi kwethupha layo elikhulu.

"Owu yhini, Mhlekazi Ngonyama," yatswina impuku. "Ndiyacela unganditya torho. Ndimncinci."

"Unyanisile," yagquma yatsho ingonyama. "Umncinci kakhulu uyafana nje nomvungulo soze ndihluthe nguwe."

"Enkosi, Mnumzana Ngonyama," yatswina impuku. "Ngenye imini nam ndoze ndikuncede."

"Ha ha ha!" yagquma ingonyama enkulu. "Impukwana encinci kangaka ingayinceda njani ingonyama enkulu neyomelele njengam lo? NdiyiKumkani yazo zonke izilwanyana. Ndingazinceda mna ngokwam."

Ngenye imini ingonyama yayisahambahamba. Ngesiquphe yathi malakanxa emgibeni womzingeli yabambiseka. "Ncedani!" yakhwaza. "Andikwazi ukuphuma apha, ndibambekile." Impukwana encinci yasiva isikhalo sengonyama. Yabaleka ukuya emgibeni yathi, "Ndiza kukunceda!"



"Umncinci kangaka ucinga ukuba ungandinceda njani?" yagquma yatsho ingonyama.

Impukwana encinci yaqalisa ukunqunqutha umnatha womgibe wangamasuntswana amancinane.

Ngexeshana elingephi yaphuma ingonyama. Yancuma yathi, "Ungade ube uyimpukwana encinci, kodwa uluncedo olukhulu."



Bhala Funda ibali uze ukhethe iimpendulo ezifanelekileyo.

| | |
|---|---|
| **Libonisa ntoni eli bali?** | |
| A | Kulula ukuqhatha ingonyama. |
| B | Akukho mfuneko yakuba mkhulu ukuze ukwazi ukunceda. |
| **Kwakutheni ingonyama ukuze ikhwaze?** | |
| A | Yayifuna ukuncedwa. |
| B | Yayifuna ukuba impuku imke. |
| **Yacinga ntoni ingonyama xa ibona impuku?** | |
| A | Yacinga ukuba impuku iza kuyihleka. |
| B | Yacinga ukuba impuku incinci kakhulu ukuba ingakwazi ukuyinceda. |

## Amagama okujongisiswa

malakanxa
nqunqutha
isuntswana






Ngoku ke bhala impendulo yakho yalo mbuzo:
Yintoni esinokuyifunda kweli bali?



Masonwabe

Sika aba nodoli badlaliswa ngeminwe, bafake eminweni yakho ukuze ubalise ibali lengonyama nempuku.




Fakela umsila kumva wengonyama



# 50 Ingonyama enkulu nempuku encinci





**Bhala** Bhala into eyathethwa yingonyama nempuku. Sebenzisa iimpawu zentetho ngqo.




Impuku yathi, "____________________________________________________________________________________________."




Ingonyama yathi, "____________________________________________________________________________________________."




**Sisebenza ngamagama** Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | | |
|---|---|---|---|
| intsha | ndimncinane | gcwalisa | umzingeli |
| intshela | mncome | gcwala | umzali |



**Bhala** Biyela amagama azizichasi.





| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ityebile | inkulu | inde | wonwabile | imbi |
| imfutshane | ibhityile | intle | incinci | ulusizi |



**Bhala** Khetha amagama achasanayo kwezi zivakalisi zilandelayo.

| |
|---|
| Kwakushushu ingonyama encinci yabona impuku enkulu. |
| |
| Ingonyama encinci yayingenamandla kanti impuku enkulu yayinamandla. |
| |
| Ingonyama yayilula kanti impuku yayinzima. |
| |
| Umzingeli olungileyo wabeka umgibe efuna ukubamba ingonyama ekhohlakeleyo. |
| |



**Masonwabe**

Bhala ikhadi ubulele umntu owakuncedayo.
Bhala umyalezo omfutshane ngaphambili ekhadini.
Ngaphakathi ekhadini, xela ukuba loo mntu wakunceda njani.



Teacher:
Sign:
Date:

# Umvundla nofudo






Masithethe


Uyakubalisela amabali umakhulu wakho? Uza kufunda ibali alibalisa njalo umakhulu kaJabu. Jonga umfanekiso uze uxele ukuba lingantoni ibali.





Masifunde







## Umvundla nofudo


Kudaladala umvundla nofudo babehlala ehlathini eliluhlaza. Ufudo lwaluhamba kancinci kakhulu ngoko umvundla wayesoloko eluhleka. Ngenye imini umvundla wathi kufudo, "Masikhuphisane ngokubaleka." Lwavuma ufudo. Umvundla wahleka kakhulu. Zeza zonke ezinye izilwanyana kukhuphiswano.

Wabaleka kakhulu umvundla walushiya ufudo. Wajonga ngasemva kodwa akalubona ufudo kuba lwalungasemva kakhulu.

"Ufudo luyanwabuluka," wacinga njalo umvundla. "Luza kuthatha ixesha ukufika apha. Makhe ndiphumle. Kuza kuthi xa ndibona ufudo ndisuke ndibaleke ndiphumelele." Watsho walala umvundla.

Esalele njalo weva ezinye izilwanyana zikhwaza ziyiyizela.

Umhla: ____________





Wacinga ukuba uyaphupha.
Xa evuka, naluya ufudo luyokufika emgceni.
Umvundla wesuka ngamandla amakhulu kodwa ufudo lwaluselufikile entanjeni luphumelele.



Funda ibali uphendule imibuzo. Igama lokuqala lempendulo kufuneka liqale ngonobumba omkhulu.
Khumbula ukugqibezela ngesingxi.

Bhala

| |
|---|
| Lwaphunyelelwa ngubani ugqatso lokubaleka? Njani? |
| |
| Ngoobani ababebukele ukhuphiswano? |
| |
| Waphumla phi umvundla? |
| |
| Bhala isihloko esifanele eli bali. |
| |





Sisebenza ngamagama

Bhala la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.



| | | | |
|---|---|---|---|
| qhelisa | gcina | uMgqibelo | ukonwaba |
| qhuba | gcuma | umgqomo | ukonwaya |

**Amagama okujongisiswa**

ugqatso
ziyiyizela
entanjeni



INTSAYINO: Gama ____________ Umhla ____________

# Masikhuphisane






Masithethe

## Amaqhina

Xoxa nabahlobo bakho ngaba rayi-rayi. Chaza ukuba kuthethwa ngesiphi isilwanyana.








Ndicula kamnandi.
Ndiyabhabha ndiye ekhaya.
Ndiyintoni?

Ndingabaleka kakhulu
nditsibele phezulu.
Ungakhwela kum.
Ndiyintoni?

Ndihamba
kancinci. Ndihamba
nendlu yam naphi
apho ndiya khona.
Ndiyintoni?

Ndiyahlaba ndiyabhubhuza
Kodwa ndinencindi
emnandi. Ndiyintoni?









Bhala

Bhala isivakalisi esinye uxele ukuba kwenzeke ni ekuqaleni, esiqwini nasesiphelweni sebali lomvundla nofudo.



| |
|---|
| Ekuqaleni |
| |
| Esiqwini |
| |
| Esiphelweni |
| |



Bhala

Bhala la magama ngokupheleleyo.



## Izifinyezo

| | |
|---|---|
| iso | iliso |
| itye | |
| ifa | |
| izwe | |

| | |
|---|---|
| iva | |
| izwi | |
| iwa | |
| ishwa | |

# Ilanga kunye nomoya



Masithethe

Eli bali lithandwa kakhulu ngumakhulu kaBongi.
Jonga imifanekiso uze utsho ukuba ucinga ukuba lingantoni.

Masifunde



## Ilanga nomoya

Kudaladala umoya wavuthuza phezu kwemizi. Kwagoba imithi kwashukuma iifesitile. Umoya waziqhenya. Wathi "Ndinamandla kunemithi. Ndinamandla kunelanga!"



Lavela ilanga ngaphaya kwamafu lathi, "Hayi moya ndinamandla kunawe."

"Masikhuphisane sibone ukuba ngubani onamandla kunomnye," kwatsho umoya. "Kuza kuqala mna," utshilo. "Jonga ukuba ndinamandla angakanani. Ndiza kwenza ukuba laa ndoda ikhulule ibhatyi yayo."



Umoya wavuthuza wavuthuza yade imithi yagoba. Indoda yaqhobosha ibhatyi yathi, "Ndiyagodola."

Umhla: ____________

Lavela ilanga ngaphaya kwamafu. Lancuma. Yonke into yafudumala. "Hayi, kushushu ngoku." "Mandikhulule ibhatyi."

Lancuma kwakhona ilanga lathi, "Ndiphumelele!"



**Amagama okujongisiswa**

ilanga
imithi
kwemizi
umoya



**Bhala**

Phendula le mibuzo.
Igama lokuqala lempendulo maliqale ngonobumba omkhulu.
Khumbula ukuphela ngesingxi.



Ngoobani abalinganiswa kweli bali?

Kwenzeka ntoni xa umoya uvuthuza?

Kwenzeka ntoni xa ilanga likhanya?

Kwakuza kuphumelela bani xa imvula ingenela olu khuphiswano? Ngoba?





**Sisebenza ngamagama**

Funda la magama umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.


| | | | |
|---|---|---|---|
| yilwa | indlala | tyibilika | qhela |
| yitya | indlovu | tyabeka | qhuba |
| yiza | indlela | tyeba | qhekeza |

# Ukhuphiswano olukhulu



Masenzeni oku

Dlala umdlalo nabahlobo bakho oza kubonisa ukuba ngubani onamandla. Makubekho ilanga, inyanga, umoya nemvula. Khumbula ukuba nomntu onxibe ibhatyi.





Bhala Biyela izenzi. Izenzi ngamagama axela okwenzekayo.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| baleka | qubha | cinga | thimla | ixesha |
| izinyo | tshayela | bhala | funda | thatha |
| khaba | ibhola | dlala | lala | ingca |
| umdlalo | balela | imvula | ilanga | hamba |



Bhala Bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye.











1.

2.

3.

4.








**Masonwabe**

Funda ngenyanga nelanga.
Xelela umhlobo wakho okubonayo.

## Ilanga nenyanga

Inyanga iyaguquguquka xa ijjikeleza umhlaba. Oku kwenziwa kukuba xa ihamba ilanga likhanyisa iindawo ezahlukeneyo zenyanga. Sisebenzisa la magama xa inyanga iguquka.

| inyanga egcweleyo | inyanga esisiqingatha | inyanga eliceba | inyanga entsha |
|---|---|---|---|
|  |  |  |  |




**Bhala**

Phendula umbuzo. Igama lokuqala lempendulo kufuneka liqale ngonobumbha omkhulu.
Khumbula ukubhala isingxi ekugqibeleni.

| Ubona eyiphi inyanga namhlanje ebusuku? |
|---|
| |

| Jonga inyanga ngeMivulo emine kule nyanga. Zoba ukuba ime njani ngoMvulo ngamnye. | | | |
|---|---|---|---|
| | | | |



# UBongi ukhwela ibhayisekile



Masithethe Jonga umfanekiso uze uthethe ngokubonayo.



Masifunde

## Ibhayisekile entsha

UThabo umntakwabo Bongi uthengelwe ibhayisekile xa egqiba iminyaka elishumi. Yayibomvu icwebezela. UBongi wayenqwenela ukuba ibe yeyakhe. Ngomnye uMggibelo uBongi wacela uThabo ukuba amboleke yona. Wayefuna bazikhwele noAnn. UThabo wamcela ukuba ayiphathe kakuhle. UAnn wathembisa ukuba uza kuyiphatha kakuhle.

UBongi noAnn badlula ehlathini, phantsi kwemithi, badlula emlanjeni baya kufika ebhulorhweni. Balibona ilizwe lilihle.

Ngaphesheya kwebhulorho babona iibhotile ezophukileyo nenye nje inkunkuma.
UBongi waqaphela ukuba kunzima ukuqhuba ibhayisekile.


Kwathi kanti ivili langemva ligqabhukile.

Kwakukho iibhotile neegilasi ezaphukileyo endleleni yabo.









UBongi wayithwala ibhayisekile, wafika ekhaya wacela uThabo ukuba bayilungise.



**Bhala** Phendula le mibuzo. Igama lokuqala lempendulo maliqale ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.

UBongi wakhwela ibhayisekile kabani?

Lagqajuzwa yintoni ivili?

Wabuyela njani nayo ekhaya?

Uthini ngabantu abalahla inkunkuma kuyo yonke indawo?

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | |
|---|---|---|
| phantsi | umgqomo | iintshebe |
| iintsebe | umgqibelo | intsha |
| intsomi | igqabhukile | intshayelelo |

**Amagama okujongisiswa**

cwebezela
ibhulorho
igqabhukile

# UBongi ukhwele ibhayisekile



## Izibizo nezichazi



Masenzeni oku

Dlalani umdlalo kaBongi ecela ibhayisekile kuThabo. Bonisani uBongi noAnn bekhwele iibhayisekile. Bonisani ukuba uBongi uyithwale njani ibhayisekile, watsho kanjani kuThabo ukuba ivili ligqabhukile. Chaza ukuba uThabo utheni xa ebona ibhayisekile yonakele.



Bhala

Sikrwele umgca phantsi kwesibizo (igama lento) kwisivakalisi ngasinye ngezantsi.
Biyela isichazi esichaza isibizo.

Izibizo ngamagama abantu okanye ezinto. Izichazi zisixelela ukuba banjani abantu okanye zinjani izinto ezo.

| |
|---|
| Yayiyibhayisekile ebomvu, ecwebezelayo. |
| UBongi wadlula ehlathini eliluhlaza. |
| Wadlula imithi emide. |
| Wawela ibhulorho yamaplanga. |
| Wabona ivili eligqabhukileyo. |
| Wanyathela ibhotile eyophukileyo. |





Bhala

Phinda ubhale ezi zivakalisi uqale ngegama elithi Izolo.
Sebenzisa la magama ukuze akuncede.

udlule

ujonge | uhambe | ukhwele | ubone

| |
|---|
| Ukhwela ibhayisekile yakhe. |
| Izolo |
| Ndibona igilasi eyaphukileyo. |
| Izolo |
| Uthatha ibhayisekile yakhe. |
| Izolo |
| Ujonga ivili eligqabhukileyo. |
| Izolo |

Umhla: ____________



Bhala

Bhala isakhi esingu ka esixela ukuba into yekabani.

**Isimnini**

| | | |
|---|---|---|
| Ibhayisekile kaThabo. | Incwadi ____ Jimi. | Umama ____ Ann. |
| Umakhulu ____ Bongi. | Iapile li ____ titshala. | Ipeni ____ Jabu. |
| Idyasi ____ Nomsa. | Isihlangu si ____ Sam. | Imoto ____ tata. |






Masonwabe

Funda okwathethwa nguBongi noAnn emva kokudlula ezindaweni ezininzi emephini. Bhala ke ngoku inani lendawo nganye emephini. Eyokuqala yenziwe.

| | |
|---|---|
| 1 | Masimeni sithenge isiselo esibandayo. |
| 2 | Jonga ukuba konke kuluhlaza kanjani. |
| 3 | Lo mgaqo unamajikojiko. |
| 4 | Awu! Jonga wonke lo dothi neegilasi ezaphukileyo. |
| 5 | Ndiyathemba ukuba le bhulorho soze iwe. |
| 6 | Kuza kufuneka ndiqaphele xa ndiqhuba endleleni. |








# 57 UBongi uyacoca

**Masithethe** Jonga umfanekiso uze uthethe ngokubonayo.



**Masifunde**

## Siyacoca

UBongi noAnn bahamba bayokuxelela utitshala wabo ngokungcola abakubona ngasemlanjeni.
Wathi mabacele abanye abantwana bancede kuyokucocwa oko kungcola. Babhala isaziso basixhoma edongeni. Baba ngama-24 abantwana abeza bezokuncedisa kukhuculwa ipaki. Bachola zonke iibhotile ezophukileyo, iinkonkxa kunye namaphepha. Jonga isaziso esenziwe nguBongi noAnn.

**Masithethe** Jonga isaziso esenziwe nguBongi noAnn.

Abantwana bathanda ukuhlala badlale endaweni ecocekileyo.
Asizithandi iipaki ezingcolileyo.
Yizani sincedane sicoce indawo
yethu ekufutshane nomlambo.
Masigcineni iipaki zethu zicocekile.

**Masincedisane sicoce.**

Kuza kufunyanwa iziselo kunye nezonka eziqatyiweyo.

Nini? NgoMgqibelo umhla wama-21 kuMatshi ngentsimbi ye-10.

Phi? EKiddy Park.

Ibhasi iza kusibuyisela emakhaya ngentsimbi yesi-2.



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.



| | | |
|---|---|---|
| ingcono | inkonkxa | uMgqibelo |
| ingca | inkxaso | umgquba |
| ingcolile | nkxu | gquzu |



Bhala

Phendula le mibuzo. Igama lokuqala lempendulo kufanele liqale ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.

| |
|---|
| Ngubani owancedisa uBongi ekubhaleni isaziso? |
| |
| Akhetha ukwenzani amantombazana amabini? |
| |
| Ucinga ukuba yaba yinto entle ukuba bacoce ukungcola? Ngoba? |
| |
| Waqala nini umsebenzi wokucoca? |
| |



Bhala

Biyela amagama achaza abantwana. Umzekelo wokuqala uwenzelwe.

## Izichazi



| |
|---|
| Intombazana encinci ichola iitoti. |
| Inkwenkwe enkulu yancedisa ukucoca ipaki. |
| Intombazana entle yayifuna ukuncedisa. |
| Umfana omdala wasixelela into ehlekisayo. |
| Amakhwenkwe asileyo ayefuna ukufihla imigqomo. |



# Siyacoca





## Masithethe

Kufanele yenzeni iklasi yakho ukuncedisa ekucoceni? Xoxa ngeendawo ezingcolileyo esikolweni. Yitsho ukuba ungabahlanganisa njani abantu ukuze kucocwe isikolo.



## Bhala

Bhala umhlathi ngesikolo sakho. Chaza ukuba zeziphi iindawo ezifuna ukucocwa.

## Bhala



Fakela izichazi. Sebenzisa la magama akuncede.

ngokuqaqambileyo | elibukhali | eluhlaza

UBongi wahamba phakathi kwemithi ________________.

Ilanga lalikhanya________________________________.

Wanyathela ilitye ______________________________.

Umhla: ____________

Bhala

Fakela amagama abonisa ukuba izinto zezabantu.
Umzekelo wokuqala uwenzelwe.

| | | |
|---|---|---|
| incwadi yentombazana. | iincwadi _ dade wethu. | intlanganiso _ titshala. |
| izinja _ mfana. | iimoto _ titshala. | iyunifomu _ umongikazi. |
| imisila _ zilwanyana. | ibhola _ mntakwethu. | iibhotile _ mntwana. |

Masonwabe

Jonga isaziso sikaBongi esibhaliweyo.
Yenza isaziso esibhaliweyo umeme abantwana baze kucoca esikolweni.





Teacher:
Sign:
Date:



Masithethe

Masifunde





## Mhla ndasindiswa lihlengesi

Ngokuya babesebancinci, uTatomkhulu uSam nomhlobo wakhe uZakes babeye bantywilele ezantsi elwandle. Kwakukho umkhumbi omdala abafika kuwo ezantsi elwandle. Bafumana igolide entle nesilivere kulo mkhumbi.

Wayesithi uTatomkhulu uSam xa engena ngaphantsi kwamanzi anxibe isuti yakhe ebizwa ngokuba yisuti yamanzi. Wayekhusela ngayo umzimba wakhe. Wayephethe netanki leoksijini ukuze akwazi ukuphefumla.

Ngenye imini uTatomkhulu uSam wayefuna ukuya emkhumbini, kodwa uZakes wathi, "Hayi asingeni elwandle namhlanje. Kukho isichotho esikhulu esizayo."

"Kodwa ndibone igolide enkulu entle. Ndifuna ukubuya nayo. Siza kuba nemali eninzi xa siyifumene ," watsho uTatomkhulu uSam


"Kodwa isichotho siza kufika emizuzwini eli-15. Yingozi leyo," walumkisa uZakes.

Kodwa uTatomkhulu uSam wangena ngaphantsi kwamanzi ngeli xesha uZakes asesikhepheni.

UTatomkhulu uSam wafumana ityathanga kodwa akakwazi ukulikhulula. Walitsala, walitsala ngeminwe lade lakhululeka.

Wancipha umoya etankini lakhe lomoya. Wantywila wabuya eliphethe ityathanga. UZakes wayesemshiyile. Sasesifikile isichotho esikhulu.






UTatomkhulu uSam walibamba waliqinisa ityathanga lakhe wantywila. Amaza aba makhulu kakhulu afuna ukumoyisa. Wabona ukuba uza kutshona. Lalisinda ityathanga neengalo zakhe zazisoyisakala kukudinwa. Walilahla.

"Ncedani, ncedani bantu! Ndincedeni!" wakhwaza kodwa kwakungekho mntu umvayo.

Weva ilizwi elimnandi. Yayililizwi lehlengesi. Lantywila laya kuye uTatomkhulu uSam. Wabambela ephikweni lalo. Lamthatha lambuyisela elunxwemeni.

Akuba esindile uTatomkhulu uSam ihlengesi lahamba labuyela emva.

"Ndiyabulela ngokusindisa ubomi bam," wakhwaza uTatomkhulu uSam ebulela.



## Amagama okujongisiswa

- ntywila
- ityathanga
- ukutyhoboza
- umkhumbi



**Bhala** Phendula le mibuzo. Igama lokuqala lempendulo kufuneka liqale ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.



Ngoobani abalinganiswa kweli bali?

Wangenelani uTatomkhulu uSam elwandle?


UZakes wamshiyela ntoni uTatomkhulu uSam?

Wabuya njani uTatomkhulu uSam ukuza elunxwemeni?



Masenzeni oku

Dlalani ibali likaTatomkhulu nehlengesi. Ngubani oza kuba nguTatomkhulu uSam? Ngubani oza kuba nguZakes? Ngubani oza kuba lihlengesi eliza kusindisa uTatomkhulu uSam?





Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

Izichazi




| | | | |
|---|---|---|---|
| khuza | ngenisa | intywenka | ncokola |
| khetha | umngeni | ntywila | inceba |
| khulula | ngunga | ntywentyweza | ncuma |



Bhala

Makhe sithi unguTatomkhulu uSam. Bhala ngokwathi kwenzeka kuwe. Sesikuqalele ibali.



UZakes wandinqanda wathi ndingangeni elwandle ngaloo mini. Kodwa ndandifuna ityathanga legolide. Ndandisazi ukuba kwakusiza isichotho kodwa ndangena. Kuthe xa ndiphuma sendiliphethe ityathanga . . .


Makhe sithi ulihlengesi ke ngoku. Bhala utsho ukuba wabonani waze wenzani Sesikuqalele ibali lehlengesi.

Ndandidada ndisiya ezantsi ematyeni kuba ndibona kusiza isichotho. Ngokukhawuleza ndabona indoda ephethe ityathanga legolide. Yayikhwaza ifuna uncedo.

Umhla:




Ncokola nomhlobo wakho ngezinto ezahlukahlukeneyo ezinxitywa ngabantywili baselwandle. Xela ukuba kutheni ziyimfuneko zonke ezi zinto.




**Okwasempumlweni** kokokuphefumla

**Imaskhi yobuso** Inceda ukuba ukwazi ukubona emanzini

**Itanki leoksijini** linceda ukwazi ukuphefumla ungaphantsi kwamanzi

**Ibhanti elinobunzima** likwenza usinde ukwazi ukuhlala ngaphantsi kwamanzi

**Isuti yamanzi** yeyokwenza ukuba uhlale ufudumele

**Amaphiko** azokunceda ukuba untywile ngokukhawuleza


Teacher:
Sign:
Date:

Masithethe

Jonga umfanekiso uthethe ngokubonayo.

Masifunde

## Iimbovane ziyasebenza



Ubusazi ukuba iimbovane zihlala ndawonye ezindlwaneni zazo? Uthi ubusazi ukuba iimbovane ziyakwazi ukutya ndawonye zidedelane?

Xa ulandela umkhondo weembovane uza kubona ukutya ekupheleni kwawo. Ngakwelinye icala uza kubona indlwane.

### Landela umkhondo weembovane

Xa imbovane ifumana ukutya yenza umkhondo ukuze nezinye zilandele. Zilandela loo mkhondo zide zifike ekutyeni. Ziyakuthanda ukutya okuneswekile njengejem neswekile. Futhi zitya ukutya esikushiyayo ekhaya. Xa zifika kuko ziyakujikeleza zibe ninzi.

### Zama oku


Beka iphepha elinokutya kufutshane nendlwane yeembovane. Lindela iimbovane ukuba zikufumane oku kutya. Uza kuzibona zifika zilandelana zisiza ngomkhondo. Kususe ke ukutya. Ingaba ziyakulandela?

### Kwenzekani xa uvuthulula ukutya?

Emva kokuvuthulula ukutya iimbovane ziyakulandela. Zikuva ngomkhondo omdala. Kuthatha ixeshana ukuba ziwufumane umkhondo wako.

### Kungoba kutheni?

Xa imbovane ifumana ukutya, ihamba ishiye phantsi ivumba elithile eliza kuba ngumkhondo. Ezinye iimbovane ziyalinukisa eli vumba ze zililandele.





Bhala Funda olu lwazi ngeembovane uze uphendule imibuzo.



| | | | |
|---|---|---|---|
| Limayelana nantoni eli bali? | | | |
| A | Linika ulwazi ngemikhondo. | | |
| B | Lixela ukuba ungenza ntoni ukugxotha iimbovane. | | |
| C | Lixela ukuba ungazifumana phi iimbovane. | | |
| Kutheni kufuneka ubeke ukutya kufuphi nendlwane yeembovane? | | | |
| A | Ukuzenza zibhideke iimbovane. | C | Ukuze iimbovane zikwazi ukwenza umkhondo. |
| B | Ukususa umkhondo weembovane. | D | Ukubulala iimbovane. |
| Xa seyikufumene imbovane ukutya izixelela njani ezinye iimbovane ukuze zikufumane oko kutya? | | | |
| A | Ziyajonga ze ziyilandele. | C | Ziyakunukisa ukutya ephepheni. |
| B | Ziyazulazula zize zikufumane ukutya. | D | Zinukisa ivumba elishiywe yimbovane yokuqala. |
| Ucinga ukuba iimbovane ziyakhathalelana? Utsho kuba kutheni? | | | |
| | | | |



Bhala Funda la magama umamele izandi.

| Iziqhakancu ezidibeneyo gc | | |
|---|---|---|
| gcina | gcuma | uGcaleka |

Hlahlela la magama ngokwamalungu.

| | | |
|---|---|---|
| ndawonye | landela | ziyabaleka |
| nda/wo/nye | | |
| ukuzama | ulwazi | ziyahlangana |
| | | |
| zingela | ngaphambi | zilandelana |
| | | |

**Amagama okujongisiswa**

umkhondo
indlwane
ivumba

# Okunye ngeembovane



Masithethe

Jonga iimbovane zilandela umkhondo esikolweni uze uzobe into oyibonayo. Chazela umhlobo wakho ngomfanekiso.





Bhala

Phinda ubhale ezi zivakalisi uqale ngegama elithi Izolo.
Sebenzisa la magama akuncede.

zalandela | zadla | wabona | zangungelana

| |
|---|
| Iimbovane zilandela umkhondo. |
| Izolo iimbovane |
| Ubona iimbovane zingungela ukutya. |
| Izolo |
| Iimbovane zitya  ukutya okuswiti. |
| Izolo |



Bhala

Biyela igama elifanelekileyo.

## Isivumelanisi

| | |
|---|---|
| Iimbovane zifuna/afuna ukuqokolela ukutya. | Thina sikhangela/zikhangela iimbovane. |
| Ihashe afuna/lifuna amanzi. | Wena uphinde/baphinde wafika mva. |
| UBongi uhambe/bahambe ngebhayisekile. | Bona bafuna/sifuna ukutya. |
| Lona liyatshisa/kuyatshisa namhlanje. | Iimbovane ifuna/zifuna ukutya. |

Umhla: ____________



Bhala — Biyela igama elifanelekileyo.

Qaphela
Xa singafuni ukubhala igama lomntu okanye lento sisebenzisa isimelabizo yena.




| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| isiqhamo | sona | okokubhala | | inkanyezi | |
| iqanda | | okokudlala | | impuku | |
| isiselo | | isihlahla | | isambreli | |
| indlu | | ibhabhathane | | indlovu | |





Masonwabe — Iimbovane zixelelana ukuba ukutya kungaphi ngokushiya ivumba elithile endleleni eya ekutyeni. Zikwenza oku kuba azikwazi ukuthetha. Nathi siyabaxelela abahlobo bethu okuthile ngaphandle kokuthetha. Sisebenzisa ubuso bethu namehlo.

| Sithini apha? | Ndiyacaphuka. | Ndonwabile. | Ndikhathazekile. | Ndimangalisiwe. |
|---|---|---|---|---|
| Amehlo |  |  |  |  |
| Umlomo |  |  |  |  |
| Amashiya |  |  |  |  |
| Ubuso |  |  |  |  |
| Zoba ubuso bakho. | | | | |

Teacher:
Sign:
Date:



Masithethe

Jonga imifanekiso yamabali esiwafundileyo.



Ingonyama enkulu nempuku encinci



Mhla ndasindiswa lihlengesi



Umvundla nofudo



Ilanga nomoya



Ilizwe leembovane



UBongi uyacoca



Masifunde

Zama ukukhumbula amabali owafundileyo kule ncwadi.
Leliphi ibali olithande kakhulu? Libali elinjani olithanda kakhulu?

Khumbula ukuba sisizathu sini esenze ukuba uwathande kakhulu amanye amabali kunamanye. Zinike amanani. Qala ngo-1 ebalini olithande kunawo onke, uze ufike ku-4, okulibali ongalithandanga.

Ulithandile ibali lengonyama enkulu nempuku encinci, okanye ilanga nomoya? Okanye umvundla nofudo? Kuthetha ukuba ufundela ukuzonwabisa.

Ukuba ukhethe Mhla ndasindiswa lihlengesi okanye Ilizwe leembovane? Kuthetha ukuba ufundela ukufumana ulwazi.

Umhla:



Bhala

Funda ibali uphendule imibuzo elandelayo. Igama lokuqala lempendulo kufuneka liqale ngonobumba omkhulu. Khumbula ukubeka isingxi ekugqibeleni.

| |
|---|
| Leliphi ibali olithande kakhulu? |
| |
| Yintoni oyithandileyo ngeli bali? |
| |
| Leliphi ibali ongalithandanga? |
| |
| Yintoni ongayithandanga kweli bali? |
| |
| Uthanda ukufundela ukwazi okanye ukuzonwabisa? |
| |



Sisebenza ngamagama

Hlahlela la magama ngokwamalungu. Sebenzisa amagama ama-5 kula wakhe izivakalisi uzibhale encwadini yakho.

| | | |
|---|---|---|
| ndawonye | endikuthandayo | ukonwaba |
| nda/wo/nye | | |
| ibali | ulwazi | ukufunda |
| | | |
| amabali | inani | ihlengesi |
| | | |



**Amagama okujongisiswa**

amabani
eyesibini
leliphi
ufundela

# Masibhale ibali





**Masenzeni oku**

Balisela umhlobo wakho ibali olithanda kakhulu. Thetha ngabantu abasebalini. Yitsho ukuba yintoni le uyithanda kakhulu ebalini. Lukhona ulwazi olufumeneyo ebalini?

**Bhala**



Lungiselela ukubhala ibali lakho.

| Liza kuba ngantoni? |
|---|
| |
| |
| |
| |
| **Iza kuba ngoobani abalinganiswa bakho abaphambili?** |
| |
| |
| |
| |
| **Liza kunika lwazi luni?** |
| |
| |
| |
| |



**Masonwabe**

Krazula iphepha elilandelayo. Yenza incwadi. Bhala itayitile yencwadi eqweqweni. Bhala igama lakho ezantsi kwetayitile kuba ungumbhali. Zoba umfanekiso eqweqweni. Bhala ke ngoku ibali lakho libe nesiqalo, umbindi nesiphelo.



